Lirolelwa 3/8 nge Kwata (itunyelwe ingekapeli)
4s ipele i Kwata ingarolwanga.
Unokuhlaulelwa wonke Unyaka ekuveleni kwawo nge
13s 6d.
Izaziso Zabazelweyo, Abatshatileyo, Nemibiko, irolewa 2s 6d, zingene kanya; 3s 9d kabini; 5s katatu.

IMVO NELISO LOMZI

(NATIVE OPINION AND GUARDIAN.)

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories,

IXABISO 3d — KING WILLIAMS TOWN, CAPE COLONY, THURSDAY, MAY 27, 1897. — [Vol. XIII, No. 657

ELI PEPA LIPUMA INGOLWESI-NE
IVEKI ZONKE
Lijonge Ilungelo Lomsi kupela.
Limele imfanelo ya Bantsundu ngapandle koloyiko.
Alicaluli Sizwe nalu Nqulo.

IZAZISO ZAKOMKULU.

ZISHICILELWA NGE GUNYA.
ISAZISO SAKOMKULU- No. 24, 1897.
Kwi Ofisi ye Nkulu Yonocanda,
Cape Tpown, March 15, 1897.

NGENXA ye Siqendu sesibini so Mteto No 15 ka 1887, esite songezelelwa sisiqendu sesine, nesesitandata so Mteto No. 40 ka 1895, knyaziswa ke kubo bonke ukuba eziziqwenga zilandelayo zemihlaba yakwa Rulumente ezikumandla wase MONTI, siya kutetelwa efandesini pambi kwe ofisi ye Mantyi yase MONTI ngo 10 o'clock kusasa ngolwesi BINI, 15 JUNE, 1897, ngokwendawo nezigqibo zalo Mteto ongentla, nendlela yokuqutywa kwe fandesi, nangapezu koko ngendawo ezingati zivakaliswe ngemini yefandesi.

Isiqwenga ngasinye siya kutengiswa ngenani elimisiweyo, noyena mtengi onani lipezulu lingengapantsi kwelo limisiweyo uya kuwunikwa lomhlaba.

Kanjale umtengi lowo uyakuba ne mvume yokahlaula yonke okanye inxalenye yemali awutenge ngayo kwalo mini. Ukuba

(i.) Intlaulo ayirolwanga ngemini ye fandesi, isiqendu seshumi semali leyo sorolwa ngenyanga ezintandatu, size esinye seshnmi sirolwo ngonyaka ukususela kwimini yefandesi.

(ii.) Ze kuti ukuba kurolwe imali engapantsi kwesiqendu seshumi semali otengwe ngayo ngalo mini, eseleyo kweso siqendu seshumi yohlaulwa ekupeleni kwenyanga ezintandatu, ze isiqendu seshumi esiseleyo sihlaulwe ngonyaka ukususela kumhla we ntengiso.

(iii.) Xa ite imali ehlaulweyo ngemini yefandesi yasisiqendu seshumi senani nokuba lilipina pakati kwesiqendu se shumi nesesihlanu senani lentengiso (yomhlaba lowo) intsalela yesiqendu sesihlann senani lentengiso iya kuhlaulwa ekupeleni konyaka ukususela kumhla we fandesi.

(iv.) Xa sukuba io ali yentengo ingapa ntsi kweponti ezimashumi mabini ane. sihlann, knfnneka irolwe yonke njengo. ko injalo, kwaoko, kungenjalo irolwe ngeziqingata, ezilinganayo, ezoba nokuyigqiba ngesitmba seminyaka emitatu.

Inzala kwezo ziqingata zixeliweyo ngentla apa yoba yi 4 per cent, ngonyaka; ukuhlaulwa kwezo ziqingata ndawonye nenzala yazo kuya kulungiswa ngalomhla we fandesi, kubeko isibambiso ezibini eziyakukolisa imantyi, eziya kuti ke ziqinisekise ukuhlaulwa kwalo matyala.

Ukuba ke ute umtengi, umhlaumbi izibambiso zake azapumelela, okanye azanela ukuhlaula imali yokutengwa komhlaba kwisituba sexesha elimisiweyo, kuya kumfanela u Rulumente ukuba akucime oko kutengiswa, ize iti imali ebiselihlanlwe ingabalelwa kwanto isiwe ku Rulumente.

Indleko zocando, njalo njalo, nezetaitile, yi 12s 3d, ziya kuhlanlwa kwi mantyi okanye kumntu owoti amiswe kulondawo ngalomhlawe fandesi.

Umtengi xa lite inani layl £25 nangapezulu, unyanzelekile ukuba enze imvumelwano yokuba uya kurola inzala eyakuba yi 4 per cent, ngonyaka ku Rulumente endaweni ye four-fifths yemali yentengiso, ade abe ubhatele ngomhla we fandesi ngapezu kwe one fifth sayo, engaseyisiti inzala irolwe kulo mali ingekahlalwa, waye umtengi enako ukuhlaula imali yemvumelwano naninina nokuba yinxalenye yayo ingengapantsi kwe £50.

Ukuba umtengi ufuna ukuba ake eme ekuhlaulenl intsalela yemali yokutengwa komhlaba kuya kufuneka enze imvumelwano yenyanga ezilishumi elinantatu nknsusela kumhla we fandesi, engayenzanga lonto uya kudliwa i 1/ yonke imihla xa selidlule ixesha lomnqopiso, ekuya kuti ukuba kude kwaputelela kwinyanga ezilishumi elinesibhozo emva koko lomali iseleyo kunye nenzala yale yokudliwa uknba iko kufuneke eyihlaule iyoknhlanganiswa nokokuba kukuyi pina inkundla, ati ukuba akayiroli emva kwenyanga, sakuba isigwebo siwile lomhlaba uhlutwe ngu Rulumente, ze imali abeseleyirolile ibe yeka ngu Rulumente.

Izalatiso nemigaqo yefandesi ingabonwa kwi ofisi ye Nkulu yo Nocanda e Kapa, nakweye Mantyi e Cradock,

J. TEMPLER HORNE,
Survey or. General.

Kumandla wase Monti.

Lot No. 7,886, isiqwenga somhlaba okumandla wase Monti, Field.cornetoy No. 7, ekutiwa yi Lot 37 Block A, Lilyfontein, obubanzi buyi 21 morgen 410 square roods ; upela ngasentla ngedlelo, ngasenzantsi nge Dwadwa, ngase Mpumalanga ngo Lot 38, Entshonalanga ngasentla ngendlela. Ixabiso £23, indleko zocando, njalo njalo, £7 7/6, eye tayitile 12/3.

Field cornetcy No 6.

Lot No 7.887, ekntiwa ngu Lot 4, ngase Potsdam, nbnbanzi 9 morgen 269 sqr roods 91 sqr ft ; ngasentla npela ngo lots 1 no 2, ngezantsi ngo Lot 5, Empumalanga ngo Lot 3, Entshonalanga ngomendo. Inani lentengiso £15 ; Indleko zocando £5 10s, eyetayitile 12/3.

Field-cornetcy No. 7.

Lot No 7,745, ekutiwa ngu Lot 9 wezifama xii-21 ne xii 22 8, ububanzi 226 morgen 9 sqr roods ; npela ngasentla Empumalanga ngo Lot 10; ngezantsi Entshonalanga ngo Lot 8, ngezantsi Empumalanga ngo Lot 11, ngasentla entshonalanga ngo lots 5 ne 6. Inani lentengiso £213 ; Indleko zocando £11 9/2, eye tayitile 12/3.

Lot No 7,749, ekntiwa ngu Lot 4 yefama 38 ne 39 S, ububanzi 221 morgen 371 sqr roods; upela ngasentla ngo Lot 5, ngaseZantsi ngo Lot 1, Empnmalanga ngo Lot 7, Entshonalanga ngo Lot 3. Inani lentengiso £110; Indleko zocando £12 1/1, eye tayitile 12/3.

Lot No 7,750, ebizwa ngoknba yi Lot 5 yefama 38 ne 39 8, ububanzi 169 morgen 173 sqr rds; upela ngasentla nge farm 37, ngezantsi ngo lots 3 no 4, Empnmalanga ngo Lot 6, Entshonalanga ngonxweme lomlambo we Kwelera olungase Mpumalanga. Inani lentengiso £85 ; Indleko zoea, ndo £15 13/2, eye tayitile 12/3.

Ngase Dolopini e Monti.

Lot No 7,413, ekntiwa ngu Lot 24 Block F, ububanzi 283 square roods 69 sqr ft; upela ngasentla ngedlelo, ngezantsi ngo Lot 4, Empnmalanga ngedlelo, Entshonalanga ngo Lot 25. Inani lentegiso £75; Indleko zocando £1 6/, eye taitile 12/3.

Lot No 7414 ekutiwa ngu Lot 25 Block F, ububanzi 283 sq rds 69 sq ft; ngasentla upela ngedlelo, ngezantsi upela ngo Lot 5, empumalanga ngo Lot 24, entshonalanga ngo Lot 26. Inani lentengiso £75 ; indleko zocando £1 6s ; eyetaitile 12s 3d,

Pesheya kwe Nciba,

Ku Mzana wakwa Centane.

9025 Lot No 1 ububanzi 138 sq i ds 128 eq ft; inani lentengiso £5 ; indleko zocando £2 93 3d.
9026 Lot No 2, ububanzi 138 sq rds 128 sq ft; inani lentengiso £5 ; indleko zocando £2 9s 3d.
9027 Lot No 3, ububanzi 138 sq rds 128 eq ft; inani lentengiso £5 ; indleko zocando £2 9s 3d.
9028 Lot No 4, ububanzi 138 sq rds 128 eq ft; inani lentengiso £5; indleko zocando £2 9s 3d.
9029 Lot No 5, ububanzi 138 sq rds 128 eq ft; inani lentengiso £5 ; indleko zocando *9s* 3d.
9030 Lot No 6, ububanzi 138 sq rds 128 sq ft ; inani lentengiso £5; indleko zocando £2 9s 3d.
9031 Lot No 7, ububanzi 138 sq rds 128 sqft; inani lentengiso £5 ; indleko zocando £2 9s 3d.
9032 Lot No 8, ububanzi 138 sq rds 128 sqft; inani lentengiso £5 ; indleko zocando £2 9s 3d.
9033 Lot No 9, ububanzi 138 sq rds 128 sq ft; inani lentengiso £5; indleko zcoando £2 9s 3d.
9034 Lot No 10, ububanzi 138 sq rds 128 sq ft; inani lentengiso £5 ; indleko zocando £2 9s 3d.
9035 Lot No 11, ububanzi 138 sq rds 128 sq ft; inani lentengiso £5 ; indleko zocando £2 9s 3d.
9036 Lot No 12, ububanzi 138 sq rds 128 sq ft; inani lentengiso £5; indleko zocando £2 9s 3d.
9037 Lot Not 13, ububanzi 138 sq rds 128 sq ft; inani lentengiso £5 ; indleko zocando £2 9s 3d.
9038 Lot No 16, ububanzi 138 sq rds 128 sq ft; inani lentengiso £5; indleko zocando £2 9s 3d.
9039 Lot Ne 17, ububanzi 138 sq rds 128 sq ft; inani lentengiso £5; indleko zecando £2 9s 3d.
9040 Lot No 18, ububanzi 138 sqr roods 128 sqr ft; inani lentengiso £5; indleko zocando £2 9/3.
9041 Lot No 21, ububanzi 138 sqr roods, 128 sqr ft; inani lentengiso £5; indleko zocando £2 0/3.
9042 Lot No 22, ububanzi 138 sqr roods 128 sqr ft; inani lentengiso £5 ; indleko zo. camSo £2 9/3;
9043 Lot No 23, ububanzi 138 sqr roods 128 sqr ft; inani lentengiso £5; indleko zocando £2 9/3.
9044 Lot No 24, ububanzi 138 sqr roods 128 sqr ft; inani lentengiso £5; indleko zocando £2 9/3.
9045 Lot Not 25, ububanzi 138 sqr roods 128 sqr ft; inani lentengiso £5'; indleko zocando £2 9/3.
9046 Lot No 26, ububanzi 138 sqr roods 128 sqr ft; inani lentengiso £5; indleko zocando £2 9/3.
9047 Lot No 27, nbnbanzi 138 sqr roods 128 sqr ft; inani lentengiso £5 ; indleko zocando £2 9/3
9048 Lot No 28; nbnbanzi 138 sqr roods 128 sqr ft; inani lentengiso £5; indleko zocando £2 9/3.
9049 Lot No 29, ububanzi 138 sqr roods 128 sqr ft; inani lentengiso £5 ; indleko zocando £2 9/3.
9050 Lot No 30, ububanzi 138 sqr roods 128 sqr ft; inani lentengiso £5 ; indleko zocando £2 9/3.
9051 Lot No 31; ububanzi 1 morgen 120 sq rds 131 sq ft; inani lentengiso £10; indleko zocando £6 11/1;

Ukuhlaziywa okukoyo ku Lot No 9051, *okulixabiso le* £100, *kohlaulwa ngumtengi, ongenguye umhlaziyi, ngalomhla tvefandesi.*

INTSHUMAYELO

NGU MHLEKAZI UMPATI MIKOSI U WILLIAM HOWLEY GOODENOUGH.

Ilugu le Qela Elibekekileyo le Bath, Igosa Eliknlu elipete Imikosi yo Mntan' Omhle kule Koloni ye Cape of Good Hope. Opete u Laulo lwale Koloni kwakunye namazwe nezibhaxa zawo, ne Sandla Esikulu so Mntan' Omhle, njalo—njalo, njalo.njalo.

NGESIQENDU sisine " Somteto wokufakwa kwamagama Emqulwini waba Voti," No. 14 we 1887, oti i Ruluneli yoyalela, ngentshumayelo, imisele ukuba i Felkorneti, okanye xa ingekoyo, nawupina umntu, nokuba ngabantu abafanelekileyo, idwelise amagama abantu ngokulandelelana kwawo, kwisiqingata se Felkorneti nganye kwindawo ezinaba voti (ngapandle kwe Kapa), abanelungelo lokuvota elunyulweni lwamalungu e Palamente, kulomandla wayo: Kengoko ke, mna Gosa lipete ulaulo, ngalentshumayelo yam, ndiyayaleza, ndituma i Felkorneti, nokuba ngababambeli bazo, namanye amagosa axelwe ngenx' engapambili, ukuba ziwafake emqulwini amagama abantu abanelungelo lokuvota elunyulweni lwamalungu e Palamente, ngohlobo oluxelwe ngalomteto, nangumteto wokuvota, ekutiwa yi "Franchise and Ballot Act," ongu No. 9 we 1892.

Kanjalo ngapezu koko, ngamagunya endiwatweswe ngulomteto, ndimisa usuku lwe 14 ku JULY, 1897, ukuba agqitywe ngalo ukudwelisa lamagama —Kuqalwe ngo "A " kude kusiwe ko " Z."

U TIXO ASINDISE INKOSAZANA

Ikutshwe ngesandla sam netywina lakomkulu le Koloni yase Kapa ngomhla we 1 ku MAY, 1897.

W. H. GOODENOUGH,
Lieutenapt-General,
Igosa Elipete Ulaulo.

Ngomyalelo wo Mhlekazi Opete i Gqugula lolaulo,

T. TE WATER.

(17) Umandla we Qonce.

A.—Isiqingata se Qonce.—Felkorneti No. 1, amagama angeniswa kwi Felkorneti, e Welcome Wood. No; 2, kwi Felkorneti e Ntsikizini. No. 3, kwi Felkorneti e Debe Nek. No. 4, kwi Felkorneti e Debe Nek. No. 5, kwi Felkorneti e Xesi. No 6, kwi Felkorneti e Gxulu. No. 7, kwi Felkorneti kwa Qoboqobo. No. 8, kwi Felkorneti Ezeleni. No. 9, kwi Felkorneti e Qonce. No. 10, kwi Felkorneti e Mtonjeni. No. 11, kwi Felkorneti e Blaney. No. 12, kwi Felkorneti e Berlin. No. 13, kwi Felkorneti kwi farm No. 195 ngase Mtonjeni.

B.—*Isiqingata se Qumra.*—No. 1, kwi Nkosi yamapolisa e Qumra. No. 2, kwi Felkorneti e Kona. No. 3, kwi Felkorneti e Prospect Farm.

C.—Isiqingata se Cumakala.—No 1, kwi Felkorneti e Cumakala. No. 2, kwi Felkorneti Redlands, Dohne. No. 3, kwi Felkorneti e Oribe. No. 4. kwi Felkorneti e Dome. No. 5, kwi Felkorneti e Keigate. No. 6, kwi Felkorneti e Grassdale.

D.—Isiqingata se Katikati.—No. 4, kwi Felkorneti kwa Anta. No. 5, kwi Felkorneti e Tunxe.

G. P. PERKS NO NYANA
E QONCE,
YEYONA NDAWO YOKUTENGA
Imisesane yoku " Ngeja,"
Imisesane Yokutshata,
Amacici Namehlo (Spectacles),
KANANJALO XA UFUNA
UKUHLAZIYA IWOTSHI.
MARKET SQUARE,
Kingwilliamstown.

Zintsuku Ezimbalwa Zokupela ze Fandesi Lonyaka Lengubo!

KWA HEPWORTHS, LIMITED

AMANANI ABUYE ATOTYWA Lenzelwe ukukwelelisa zipele Impahla.

ISUTI ZAMADODA-
Eze 35/- Zitotyelwe kwi 21/9
Eze 45/- . „ 28/9
Eze 55/- „ 37/6
Ikodi zoboya Zamadoda, Ibatyi zikwi 8/6, ixabiso lazo beliyi 15/-
Ihempe Ezifanele i 3/6, ziyi 1/11

IBULUKWE ZAMADODA—
Eze 11/6 Zitotyelwe kwi 7/3
Eze 14/- „ 7/9
Eze 16/- „ 7/9
Isuti Zamakwenkwe ezinexabiso ezinye 3/6, 5/6, ne 7/6 mye
Ibulukwe ze Kodi Zamadoda zidla 5/-, ezifanele 10,6 ne 12/6

Zonke ezizinto Zihleli Zodwa. Akungeke UPOSIWE NALELI FANDESI LEMPAHLA.

HEPWORTHS LIMITED, Maclean Street, King Wms. Town

ECALENI KO C. A... JAY & CO.



Ibulukwe Zamadoda

Yinina ukuba ungatengi ezona zilungileyo

Ibulukwe Zamadoda, - 3s. 6d.

Ibulukwe Zamadoda, - 4s. 6d.

Ibulukwe Zamadoda- 5s. 6d.

SISISULU Esingapezulu nakwe FANDESI.

EZONTO ZIKWA
DYER and DYER, Limited,
E- QONCE.

Thomas Bailey & Co.
E QUEENSTOWN,
BASANDU KUFIKELWA YIMPAHLA ENINZI

IZIHLANGU. ISHUZI
kwane SLIPPERS,

ZONKE BAZITENGISA

Ngamanani alula apa E Safafika.

I Veldtschoen zama doda ziqala kwi 4/6.
Ezibotshwayo „ nenekazi 4/-
(ZINOLUSU KANYE).
I Slippers, ziqala kwi 2/6.

LEMINYAKA I 18

IGQITILEYO,
SINGENISE KWELI LIZWE

BLANKETE
ZOBOYA.

EZILUKWE NGOBUGCISA OBUBODWA, Igama lazo yi "EXTRA NAVY or MATTROSS."

Kungeniswe ngabanye intlobontlobo ezifana noluhlobo; esigqibe ke kwelokuba SIZIPAULE i BLANKETS ZONKE ngopawu esiluqinisele na Komkulu ngohlobo lwemifa nekiso le yongamele lenteto.

Ukuba ufuna IBLANKETE YEYENENE, kangelisa kunene ukuba inawona umfanekiso we NGONYAMA kwelinye LAMASONDO ayo.

ZONKE EZI BLANKETE ZIZEZINGATANDATYUZWAYO.
ZONKE EZI BLANKETE ZILUNGILE ZITE GUNGQU. IBLANKETE NGANYE IYAYIVELA IMBOLA.

Kwivenkele enitengakuzo-ke bizani Iblankete ezinomfanekiso we Ngonyama.

Ziya kubaku kuzo zonke ivenkile za Pesheya kwe Nciba nase zidolopini zonke,

APO ZIPAKULWA KONA KUKO

James W. Weir & Co.
E QONCE.
Ngabobodwa abanokubhala lomfanekiso we Ngonyama

IKOMPONI ENTSHA YASE JAGERSFONTEIN YOKUMBA NOKUPANDA, LIMITED.

KUYAZISWA apa ukuba u MR. JAMES SAUNDERS (Mehla- zibhekela), obefudula ese Koffyfontein, unyulelwe ukuba abe ngu Mpati wa Bantsundu, ne Mingxuma e Jagersfontein, umsebenzi wowuqala ngo 19 lwale nyanga Ngomyalelo,

NELSON S. GIRDLESTONE,
Unobhala.

Kimberley, August 14, 1895.

KUFUNWA

AMADODA apilileyo, afunelwa umsebenzi wapezulu nowase mngxunyeni kule Mingxuma yase Jagersfontein. Imivuzo iyamkeleka kutyiwa kwakona, nempato Intle kakulu.

A. W. FISCHER, East London,
(Obe Ngumlauli womzi wo Messrs. PASCOE BROS., E-Cala.)

UZIBEKA ezinyaweni Zabahlobo bake abantsundu abaninzi abamele izi Qingata ze Transkei, i Qonce, ne Monti, ukuba azazise ukuba utenge Ivenkile ka Mr. A. BEET, ekutiwa li KAYA LABANTSUNDU, E MONTI, waye ezibeke ngetemba lokuba ngokucoselela ukulungiselela uyakwenza ukuba ude umtembe wonke umzi Ontsundu.—U Mr. FISCHER uyakuyiyaleza kubenzi bayo e Yulopu impahla ye Sitora sake ezingubo zamankazana zokuvata, ayitengise ngobona butshipu bunokufikelelwa. Ukulungiselela aba-Rwebi abantsundu yoba yeyona nto aya kuyipuhlisa u Mr. FISCHER.— Nawupina ontsundu ohambela E-MONTI makangakulibali ukuvelela izitora zika Mr. FISCHER, apo kuqinisekileyo ukuba bayakufumana ezona ngxelo zifezekileyo ngento zonke.

A. W. FISCHER, IKAYA LABANTSUNDU,
E-MONTI

Siya kwa BAKER!

O BAKER, BAKER and CO.,
E QONCE

Bamema wonke ONTSUNDUukuba aze kubona Impahla yabo ezilokwe:

Imicako yelokwe Ezihlanjwayo	3d	yadi	
i Prints Drillettes	„	4 ¾ d	„
I Sateen	„	6d	„
I Crepon	„	6d	„

Kwa BAKER, BAKER & CO.

Apa ayizange ibonwe Impahla enje ukulunga ngalamanani angentl'apa.

Yizani msinya niziketele Eyona Mpahla Ilungileyo,
KUFUNWA!

1, 000, 000 Leponti ubunzima be HABILE KOTUNYELWA KU
J. HODGES & CO.,
QUEENSTOWN.
KUFUNWA!

Beauchamp, Booth & Co.
E QONCE.
Siyanazisa ukuba siwafezile amalungiselelo ebe siwenza sine

Mpahla Ezintsha!!

I GERMAN PRINTS, ezona zilungileyo yi 6d. i yadi.
IZITAFU Ezipindiweyo (double width) intlobo zonke zamabala yi 1/- iyadi (ngamanani alula).
ITYALI ezintsha zoboya ezisandulu kufika zenziwe kakuhle ziqala kwi 4/- ziye kwi 40/- inye.

IHEMPI eziyi micako ezomeleleyo ye 6d, 7 ½ d, 9d, nge yadi.

ILOKWE ZOKUTSHATA esenzenziwe kade ziqala kwi £1 5s, zide yiye kwi £5, zinako noku odolwa ze zenziwa kwa oko.

IVEYILE ZABATSHAKAZI, intyantyambo.

IZIHLANGU ne SHOES nayo yonke into enga funekayo yomtshato.

Yizani Kubona Isitora setu esikulu esitsha.'

Beauchamp, Booth & Co.
Late JOHN J. IRVINE & CO.

PASCOE (u FOLOKOCO.)

NIYAZI apo ningamfumana kona, Uyazibulisa izihlobo zake ezintsundu.
Ufuna ukuzikumbuza ukuba usandulu kufumana into eninzi yempahla ezintsha ezivela e NGILANE :—

IZIHLANGU ne SHUZI!

EZABAFAZI i SHUZI 3/6 nge pair
„ EZINEMITYA 4/6 nge pair
EZAMADODA „ (ezomeleleyo) 7/11, 8/6, njalo njalo
'' EZIKULENI (Bluchers) 8/- nge pair

Ingubo Zamadoda Zokunxiba (ngokukodwa) Ezokutshata —Uyezvana.
Asiwalibele Namanenekazi Ilokwe Ezimhlope ze Setini ziqala kwi 30/—Qonda i £1 10/- qa.
Izigubungelo, Amagqabi, Ezokutshintsha Ilokwe, no Ndilokwe, njalo njalo.
Eyengeji neyokutshata imisesane Amacici, njalo njalo.

[TYALI no PRINTI zake ziyalicimilanga, Ningazilibali ITYALI zake.
[FLANELE ziqala kwi 3d. nge yard.
[kavala zamabhayi zobusika ezinoboya 6d. ngo yadi
[KELEKO e Brown 3d. ngo yadi—ummangaliso.

KWA FOLOKOCO

Nge Nqu-"SALUF,"

Ezantsi Kwetyalike yama SKOTSHI,

E QONCE.

Umanyano Ngabasebenzi Abantsundu, Limited.

E RAUTINI.

Amanene ayi Ntlanganiso Yabapati ngala :—

GEO. ROULIOT GEO. FARRAR C. S. GOLDMANN
H. F. STRANGE A. BRAKHAN G. A. GOODWIN
T. J. BRITTEN GEO. ALBU. T. J. M. MACFARLANE

OLU Manyano lujonge:—

1. Ukufumana inxaso yezilauli zendawo ngendawo ekufunyanwa kuzo abasebenzi abantsundu.
2. Ukuvelela onke amatuba okuba abantsundu bahambe kakuhle ukubeka e-Rautini nokubuya, ukulungiselela imipako, nepasi zokuhamba, nemali zokukwela kuloliwe, kwenziwe imvumelwano nabantsundu ukuba bobuyisa ixabiso elitile kulomali, ngokomnqopiso owoti wenziwe.
3. Ngemvume noncedo lo Rulumente ngamnye, kuhlanganwe ne Nkosi Zabantsundu, nezibonda, zicaciselwe ngokuzeleyo ubume bomsebenzi e-Rautini, kwalatwe namalungelo anokuzuzwa kolu manyano, kwenzi we konke okungabanga ukuba kufunyanwe inani elifanelekileyo, ngmaxesha onke, labantsundu bokusebenza Emingxumyeni,

Zonke incwadi mazibekiswe ku

WILLIAM GRANT, Umpati.

Ngocingo: "Labour,"
Johannesburg, S.A.R. Mr. ERNEST SHEPPARD,
P.O. Box 2,344. Umbali

Rand Native Labour Association

(LIMITED)

The following gentlemen constitute the Board of Directors:—

GEO ROULIOT GEO. FARRAR C. S. GOLDMAN
H. F. STRANGE A BRAKHAN. G A. GOODWIN
T. J. BRITTEN GEO. ALBU T. J. M. MACFARLANI

The objects of the Association are:

1. To secure the support of the authorities of each country from whence Native labour is drawn.
2. To provide every facility for the safe travelling of Natives to and from the Rand ; to arrange for food supplies ; also, travelling passes and. funds for railway fares, under agreement with Natives to refund such a portion thereof as may be mutually arranged.
3. Under the sanction and aid of the several Governments to interview Native Chiefs and Headmen, with the view of fully explaining the conditions of labour at the Rand, and pointing on the advantages secured by the Association; and, generally, to do all that is conducive to providing an adequate and continuous supply of Natives for service at the Mines.

All communications to be addressed to

WILLIAM GRANT, General Manager.

i Telegraphic Address: " Labour,"
Johannesburg, S.A.R. Mr. ERNEST SHEPPARD, Secretary
P O. Box 2,344

GIBBERD & BRYANT,

KING WILLIAMS TOWN.

Iprinti zetu ezintsha ze Hlobo zifikile zilungile kawye ... ... 6d nge yadi
Isattin entsha emhlope ... 6d
Isattin entsha e Cream yaza yan-amabala 6d
Imuslin entsha enemigca emhlope 6d „
Iblauzi ezintsha ezimhlope 1/6,1/9,2/-, ne 2/6 inye
Iblauzi ezintsha ezintle ze printi, 1/6s 2/- ne 2/6 „ i
Iblauzi ezintsha ezimhlope ze hempe, zine ko nezihlahla 2/11, ne 3/6 inye
Iblauzi ezintsha ze printi zine kolala neziplahla 2/6 ne 3/6 inye
Isatin emhlope enamabala, 1/6,2/- ne 2/6 nge yadi
Isatin e Cream enamabala, 1/6, 2/- ne 2/6
Iqiya ze Silika ezinamabala, 5/- inge „
Iqiya zi Silika, 3 - inye
Icloak zabantwana ezinde, ezimhlope nezi luhlaza 5 - ne 7 6 inye
Imiuqwazi yabantwana emhlope ye satin. 3/- ne 3/6 umnye
Iminqwazi yabantwana Cream ye Satin 3/- ne 3/6 „
Iveyile ezinkulu zokutshata, 5/-, 6/- no 7/- inye
Amagqabi omtshakazi, 2/-, 2/6 nc 3/-
Amajikazi amatsha c Silver, 1/- nge pair
Amajikazi amatsha e Golide, 1, 6 ne 2/- nge pair

IMPAHLA EZINTSHA ZIVULWA YONKE



YeGUSHA

I DIP EKA LITTLE.

Abafuyi be Gusha abantsundu mabafune i Dip ye Gusha ka LITTLE xa ke bafuna yona maze banga tabati nanye yezi zinga pantsi kwayo ngokulunga !

EKA LITTLE

I DIP ENGU MGUBO

Yeyona i Tshipu ne Lungileyo kwezi koyo.

IKO KWIDAWO ZONKE.

EDIPU ENGU MGUBO

Yeyona ilungileyo, nenamandla ekupiliseni imihlambi ye gusha.

NGAMANANI BOBALELA

MORRIS, LITTLE, & SON, Limited,
PORT ELIZABETH.

ORSMOND'S

PREPARATIONS

GREAT AFRICAN REMEDY

THE STANDARD DOMESTIC MEDICINE
FOR FEVERS AND COMPLAINTS OF THE HOME
Vide PAMPHLET.

ANTI-RELAX

GUARANTEED SPECIFIC
FOR COLIC, DIARRHCEA, DYSENTERY, AND SUMMI BOWEL COMPLAINTS.

BLOOD PURIFIER

FOR KIDNEY AND URINARY DISORDERS, ECZEMA AND ERUPTIONS, SORES, SYPHILIS, SCROFULA. UNRIVALLED TONIC FOR FEMALES.

, FRUIT PILLS

FOR LIVER, STOMACH AND BOWELS PILES AND CONSTIPATION. ARE MILD AND EFFECTIVE.

HERBAL OINTMENT

FOR NEW AND OLD SORES, SKIN DISEASES. RHEUMATISM, PAINS IN JOINTS AND MUSCLES SPRAINS, INFLAMMATORY SWELLINGS.

PREPARED by G. E. COOK, MEDICAL HALL,

KING WILLIAM'S TOWN



BISSEKER, GEORGE AND CO.

Abatengisi Abakulu Bezihlangu,

101 Main Street, E Bhai.

BAGCINA IMFUMBA

IZIHLANGU NE SHUZI

EZI LUNGELE

UKUHAMBA, UKUKWELA, (NOKUHLALA EKAYA, UKUHAMBA ISIKOLO, NOKUSEBENZA; EMASIMINI.

Ezo Bisseker, George & Co. Izihlangu zihle nase mehlweni; ziyamhlala kamnandi umntu, zinjalonje ziyaxolisa.

Bonke abalesi be Mvo NELISO LOMZI *bayanoyishwa ukuba besekulomzi, bayanoyishwa ukuba bezekulomzi, batenge into abasitengayo kona.*

Bisseker, George & Co.,

INDLU YESI HLANGU - ZENTSHINGA- YENDLOVU,
PORT ELIZABETH

Amayeza ka Cook Abantsundu.

UMZI ontsundu ucalelwa okuba ukanglise lamayeza abalulekileyo.

Elika COOK Iyeza Lesisu Nokuxazaza, 1/6 ibotile,

Elika COOK Iyeza Lukokohlela (Lingamafuta). 1/6 ibotile.

Aka COOK Amafuta Ezilonda Nokwekwe. 9d. ibotile

Elika COOK lyeza Lepalo. 1/6 ibotile.

Ezika COOK Ipils. 1/ ngebokisana.

Eka COOK Incindi Yezinyo. 6d. ngebotile.

Oka COOK Umciza Westepu Sabantwana. 6d. ngebotile.

Oka COOK Umgmyana Wamehlo. 6d. ngesiqunyana

Oka COOK Umciza we Cesine. 3/6.

Niqondise ukuba igama ngu

G. E. COOK, Chemist,

E QONCE.

Ngawenkohliso angenalo igama lake

Owatengisayo e Mount Frere, ngu Mr. J. J YATES, " Umatendela''

Kangel'apa! Kangel'apa!

UF. S. FAWKES, Cathcart Road .Queenstown, osele namava eminyaka elishumi elinesihlanu erweba pakati kwaba ntsundu e Herschel, Basutoland, nase Komani, usandula kufikelwa zinto eninzi ze MPAHLA ZIVELA ENGILANI, ngezi nqanawa Scot, Mexican, ne Spartan. Umema zonke indidi zabantsundu ukuba zize kuzibonela kule mpahla pambi kokuya kwezinye evenkile. Amanani ake uti alula kunezinye ivenkile zase Komani, kanipaule kwezi zinto—

Ikofu 11 ½ d per lb., Iswekile entle 29s. ngekulu le ponti, Izihlangu Zamadoda ziqala kwi 5s., Ibhulukwe 3s. 6d., Ihempe 1s., leaps 3d., Iminqwazi 1s., Iprinti 3d., 4d., ne 6d-, Izitesi Is. 3d., .Ifaskoti 9d.

Iblauzi 1s. 3d., 1s. 6d., 2s., Ibatyi 5s. Ezi ke zezimbalwa kwimpahla efumbileyo ngamani alula.

QONDANI APO AKONA: .

(Ujongene no J. HODGES& Co.)

QUEENSTOWN.

DISTRICT OF NGQAMAKWE.

CONSTRUCTION OF DIPPING TANKS

TENDERS will be received by the undersigned up to Noon on Saturday, 29th Inst. for the Construction of SIX DIPPING TANKS, in the District of Nqamawke, at spots which will be pointed out to the successful tenderer.

Specifications, which include the construction of collecting and drainage kraals, may be seen at the office of the undersigned. The tanks to be generally of the same description as those constructed throughout the Colony, in terms of the requirements of the Government AgiiculturalDepartment.

W. C. SCULLY,
Chairman of District Council and
Resident Magistrate, Nqamakwe.

Resident Magistrate's Office, Nqamakwe, 5th May, 1897.

UMANDLA WE NGQAMAKWE.

UKWAKIWA KWE TANKA ZOKUDIPA

ABAFUNA lomsebenzi mabatumele amagama abo kogama lingezantsi; aya kwamkelwa kude kube semini enkulu ngo

Mgqibelo, 29 May, 1897

Zitanka ezintandatu Zokudipa, kwi Siqingata sase Ngqamakwe, kwizikundla awozalatiswa ozuze lomsebenzi.

Incazelo equka ukwakiwa kwe ntango, inokufunyanwa kwi Ofisi ye Mantyi yakona.

Itanka ezi zofana nczezinye indawo kwi Koloni yonke, njengokomteto we Sebe lika Rulumente le Micimbi Engolimo Nemfuyo.

W. C. SCULLY,
Umongameli we Bhunga, 2205
E Ngqamakwe.

J. LAMONT,

NKATULA! NKATULA!

QUEENSTOWN.

UKUPELA kwevenkile e Komani apo amafama anokuzifumana zoune izinto azifunayo.

U J.L

Inga angacela amehlo ecelela imfumba nazo ze Tyali, Blankete, Izibhalala, Ingubo zamadoda, Ihempe, Printi, Izihlangu, Isali, -ngazwinye yonke into enokulangazelelwa ngumzi ontsundu, ngamaxabiso angazanga viwe ngapambili e Queenstown.

Ukuze uyinakane nawe into esiyenzayo lifezekileyo ikuba 75 Eagle litengiswa nge 0/; Imixokelelwana yokutsala, yenkabi 10, 0/. Iswekile elungileyo emtubi 30/ nge 100lbs; Ikofu 1/ ngeponti.

Kwakona unemfumba yengubo ezingonoxesha, zonke ngamaxabiso abaluleke ngobupantsi. Lilo eli ixesha labahlobo betu bangapandle ukuba batenge,

IMVELISO.

Awona manani apezulu anokufunyanwa ngo Boya, Izikumba, Imfele, ukudla, qalo njalo, njalo njalo.

J. LAMONT,
Kwi Bolero yakwa Komani,
QUEENSTOWN.

ISAZISO ESIBUKALI!

W.M. Cuthbert

BASE QONCE.

BANGA bangaqondisa Umzi Ontsundu ose dolopini nojikelezileyo ukuba bam zona Zihlangu Zininzi kweli lase Maxhoseni, kanjalo bangenisa ezizodwa ezilungiselwe Abatengi Abantsundu.

Ezabafazi ziqala kwi........... 3s 9d
I Tan Shoes 4s6d
Ezomeleleyo Ezibotshwayo 4s 6d
Ezeseyile (Canvas Shoes) ... 3s 3d
Ezamaduda Ezomeleleyo ... 7s 6d
Ezilungileyo ezintle Shuzi 6s 9d

Bonke abatengi banyanyekelwa ngokufanayo.

Yiza kuzibonela Impahla yetu.

W. M. CUTHBERT & CO.

KWI BALA LE MARIKE.

UKOHLOKOHLO OLUBI.
UKOHLOKOHLO OLUBI.

" 94 Commercial Rd., Peckham, Joly 12.

"Nkosi Etandekayo,—Andikwazi kolutyila oluvo lwam, kodwa i.dinga odingalubulela. I Lozenges zako zenze izimanga ekundikululeni kukohlokohlo olubi. Kusesela okuya ndavulwa inxeba emqaleni (njenge Nkosi yase Germany, kuloko ndibulela u Tixo kuba ndingafananga nayo, mna ndisapila kwi hospitili yase 81 Bartholomew, akuko mntu ubengaba nakohlelo olunamandla konolwam ; belude lwafixa ekubeni lundipelise amamlla. Likohlela ebesilukuni, sisminzi, ngoku sicambile, ngoku ndinako ukusikupa ngapandle kw eukatazo.—Ndingowako ngenene, Nkosi, J. HILL."

UBUNGQINA BE GQIRA.
UBUNGQINA BE GQIRA.

" Routh Park, Cardiff, Booth Wales, September 28, 1893.

"Ndinovuyo olukulu ukuqokela obam ubungqina kwiyeza lako eli unge kunene elizi Lozenges zokohlokohlo, ngoku seyisibozo iminyaka ndilisebenzisa kwihospitili yam nezinye indawo, ndalifumana linoncedo olukulu. Ndikatazwa futi lukohlokohlo olwendeleyo; i Lozenge yako kupela kweyeza elindinceda meinyane. Ngoko ke ndibayalela ukubo bonke abanezifo ezipatele ekukohleleni, njenge Catarrh, nezikohlela Emqaleni, Ukohlokohlo lwase Lusiki, nezinye izifo ezise mipungeni.

—Owako ngenene,

" A. GA BRIEL, M.D , LRC P, L M., Edinburg. L R.C 8., L.M., Edinburg."

Tabata ezika Keating i Lozenges.
Tabata ezika Keating i Lozenges.

Ezi LOZENGES ZIKA KEATING ZOKOHLELO, "sekugqite iminyaka engamashumi esixenxe anamihlanu " zaqalwayo ukwenziwa, kukona zidywidwayo ukutengwa, kuba akuko zilingana nazo ngokunceda ku Kohlelo Lobusika, Umbefu, no Mqala; linye kupela elincedayo.

AZINA ZIMBI.
AZINA ZIMBI.

Ezika Keating i Lozenges Zokohlokohlo, elona yeza lingena kudlulwa lilimbi ekunyangeni UKOHLOKOHLO UKUTSHA KWELIZWI, NOMQALA, zitengiswa nge nkonxa ne botile ngabatengisi mayeza bonke.

UMCHIZA KA

LUMSDEN

UMFULAWENJA Esisifo asinto yimbi ngapandle kokuba sisuke siwugqibe wonke umzi ngaxesha nye. Siqala ngokumana umntu eqaqazela yingqele, kude kube buhlungu nengalo nemiqolo, njalo njalo, ize kufike Intloko ebuhlungu, Nomqala, ne situkutezi, nokutamba. Ukuba UMFULAWENJA uqalwa zezi zifo funa Ibotile ka LUMSDEN Yokunyanga Umfulawenja (Influenza Specific) olungele UMFULAWENJA Ingqele, Intloko, njalo njalo.

IXABISO : 2/- no 2/6 ngo POSI.

UTENGISWA KUPELA NGU

R. LUMSDEN & CO.

MACLEAN STREET,

King Williamstown.

HEYI! HEYI!

IKAYA LABAHAMBI, E MTATA.

LIVULWA ngomhla we 5th JANUARY, 1897, ngasemva kwe Sitandati Banki lifanele zonke indidi:— Abefundisi, Izityudini, Abantwana base Zikolweni, Amaledi, Nabantwana banga pandle, Ungaze uti uze e Town ungezi kusivelela. Utyebise awako amakangelo wobona igama elikulu eliti " Wel-come," telekisa ke ukuba akunjalo na. Yonke into iko betu.

E. J. S. BANGAZI,
Agent's Clerk, Umtata.

C. P. MATYOLO, E Qonce, USAHLELI.

QONDISISA APO AKONA

Kwi Bala le Malike.

WENZA Izihlanga Ezihle "konkena," ngawona manani apantsi. Zinokutunyelwa nge Posi kulo lonke elimiweyo

Ezona zihle, ezona zomeleleyo, ezona zitshipu zentlobo zonke, uhleli enaso.

C. P. MATYOLO, Boot and Shoemaker,
Market Square, King Williams Town,

IKAYA LABANTSUNDU,

NE VENKILE,
e QONCE nase MONTI.

IQIYA ze SILIKA, ne TYALI ZOBOYA ezimfumfum—ziyalala, zitshipile ; ne Ngoma (Tonic Solfa) ezimnandi, ne English-Kafir vocabulary.

PAUL XINIWE, Ceneral Agent
Market Square, King William's Town

ISAZISO!

NDAZISA umzi wakowetu ontsundu ukuba ndisand' ukuvula IKAYA LABAHAMBI e Kei Road; bonke abantu bofika kulungiselelwe ukuze bonwabe, nabe nqwelo banokufumana izixaso. Ezantsi kwendlela yenqwelo ngase Station. Igama :

AMEHLO! AMEHLO!

U Dr. DAUMAS.

Igqira Lamehlo,

WOBASE QONCE NGOMHLA WE

3 Ku JULY Kude kube lolwe 23 JULY.

Namhla u Dr. DAUMAS uyagqibelisa ukujikeleza, kwezizitili ze Mpumalanga, kude kugqite iminyaka emibini. Abafuna ukunyangwa bobhekisa ku

H. T. DOBLE, Umpitikezi-Mayeza, Kuba Igqira elo loba segumbini kumzi wake.

Kubiwe or Kulahleke.

BONISANI! — INKABI EMFUSA yehashe, eminyaka ilishumi, inqina lomlenze wase kohlo limhlope; lityabukile ezinkwapeni zombini yi biroliti. Umhlana udumbile. Elinye yi PONI ENGWEVU engena lupawu ezindlebeni. Liquqa kakulu. Olandisayo wovuzwa ngapezu kwe 10s ebekise ku DAVID SIKUNI, care of E. Curnick, Esq., Idutywa. [3106

Kufunwa.

ITITSHALA Ezintatu Ezineziqiniselo—ngakumbi ezingama Tshatshi— ukuba ziwuqale umsebenzi emva kwe Holiday ka June lo. Abawufunayo lo msebenzi bobalela, batumele namapepa abonisa izimilo, njalo njalo, ku

REV. CHARLES TABEREK, S. Matthews, Keiskama Hoek. May 12, 1897. [3275

ITITSHALA Ezisixenxer ezine Ziqiniselo,—zibe ntatu ezingama Nkazana, ezine zibe ngamadoda,—mazibe nezimilo ezihle. Imivuzo ka Rulumente yoya ngokuwufanela kwazo umsebenzi ; owabantu woqala kwi £10 unyuke. Abafuna lomsebenzi bobalela kwangoku ku

REV. CHARLES PAMLA.
Etembeni, Umzimkulu. [275

ITITSHALA entsundu, iwuqale umsebenzi emva kwe holide ka June.

Mayibe li-Kolwa, ibe ngumzili weziselo ezinxilisayo. Enganelisayo yenesiqiniselo se Competency, okanye ibe yenamava amakulu okufundisa. Umvuzo £34 ngonyaka, nendlu nentsimi. Kubalelwa ku

REV. D. DOIG YOUNG,
Main, Tembuland.

ITITSHALA ezimbini, zibe neziqiniselo, enye kuzo ibe nokutolika. Abawufunayo lomsebenzi botumela izicelo kunye " namapepa ezimilo," ku REV. J. HARPER, Brownlee Station, 4106J King William's Town.

ITITSHA.LA ezimbini ezineziqiniselo, namapepa esimilo kwindawo abagqibele ukutitsha kuzo—ukuba ziwuqale umsebenzi emva kwe bolide ka June lo. Abawufunayo lomsebenzi bobalela, batumele namapepa abonisa izimilo, kwamhlana baqalayo ukucela ezindawo. Abawufunayo bobalela ku

REV. DAVID MSIKINYA,
Kimberley.

Ukwazisana Kweziholobo.

Abazelweyo.

INKOSIKAZI ka THOMAS J. MATAMBO, 1 izuze unyana ngomhla we 22 ku April, 1897. Kuluvuyo olukulu kuba umzi wakwa Matambo uvukile. [336

Imibiko.

NTOZINI.—E Tsomo, ngomhla we 13 ku May, 1897, kubube u CHARLES TEMPLETON, unyana opakati ka Jackson no Sarah Ann Ntozini. Ubudala bebuyiminyaka eli 15, nenyanga ezi 11. Umkele e Nkosini. Izihlobo mazaneliswe ngulombiko. [3106

Imvo Neliso Lomzi.

Abaxasi mabangatumeli umrumo wabo nge zitampu ze peni, kodwa nge Pepa le Posi. Kude kungabinani eze ½. d nezinye.

Kukwako no Guqulo lwase Ngcobo lwe Testamente (ene Vangeli ka Mateyu), kurolwa 4d ngenewadi enye, 3s 6d nge dazini yazo (akurolwa nto nge posi).

Kuseko ekoyo, embalwa, kwimifanekiso yo mhlobo wabantsundu—umfi u Saul Solomon ; neka Sir Henry Loch, obe yi Ruluneli kweli lizwe. Abayifunayo botumela ipeni ezine (4d.) ngomfanekiso umnye, itunyelwe nge posi. Kobhalelwa kule Ofisi,

NGOLWESI-NE, MAY 27, 1897.

IVEKI.

AMAJONI alindelwe ukuba agaleleke e Qonce ekupeleni kweveki ezayo.

KUXELWA ezokububa kuka Mr. Joseph Foster, obe ngu Nobala we Nkundla Enkulu Yamatyala.

UMZI apa uva usizi ngokububa kuka Mr. D. T. Hockly e Johannesburg, obeke engumnumzana obekekileyo e Qonce apa.

INKULU Yombuso ivakalise ukuba iyavuma ukuhlangana nabatunywa base Glen Grey, ngo Mgqibelo, ngexesha lika 10 emini yakusasa.

U MR. JAMES W. WEIR wenze isenzo sobubele ngokuti xa akupa i £100 kwisi kumbuzo se Jubulu e Qonce, ati kulomali i £75 mayiye ekuzuziseni inkabi zenqwelo amanzi. Kudala ilihlazo ukungabiko kwalonto kulomzi.

U RULUMENTE wase Pretoria kutiwa usayilanda ngokunyameka okukulu inqubo ekutiwa uhambise ngayo u Bosman oligos$ lombuso wase Transvaal, mayelana no Ralishiwe nabanye ondiyalwa abalekele e Transvaal. Kuya kwenziwa ingxelo .ngalomcimbi kamsinyane.

KUBEKWE ngu Colonel Schermbrucker pambi kwe Bandla umtandazo ovela kwenye ye Lokisbi zalomandla we Mpumalanga, ocela ukuba makwakuke kubekiswe izwi kwabantsundu balo lokishi pambi kokuba ivenkile zivunyelwe ukuma zigxumeke, napambi kokuba abafundisi bamise indlu zetyalike kulo lokishi.

Hay' Enkosi.

KUSE kuhleni ukuba abantu abaxase i Ligi ne Opozishini ngokuvota kwingxoxo yokungatenjwa ko Bulumente, ukumgcina abe selulaulweni u Sir GORDON SPRIGG. Akumatanda ukuba lento ibangwe yivoti Yombuso kwingxoxo yokongaraa kolaulo lwama Ngesi olu Pesheya, eveliswe yindawo engeniswe ngu Mr. INNES kumcimbi ekwakutiwa malixole. E Monti ipepa le *Dispatch* libona kufanele-kile ukufaka umbuzo kubanyuli abamangalielweyo ngokuvota kuka ' i Captain BRABANT, liti : " Bakona abaxasi baka Captain BRABANT, i M.L A , ekay' apa, abanga ngqinelaniyo nokuvota akwenzileyo lokuncedisa u Rulumente ka SPRIGG ? " Ngumbuzo ofanelekileyo E Dikeni kwakucingwa ukuba u Mr. HAY wogxwagxushwa ngokuvota avote ngako, abulelwe u TAMPLIN, i *Alice Times,* elanela ukwenza indaba, lingenzi zwi, ngenqubo yamalungu amele umandla I we Dike, liva linyanzeleke ukuba liti: " U Rulumente ufanelwe kusizelwa kancinane ngohlobo aqube i " ngalo kwezingxogxo zo xolo," Bonke ngokufanayo, abo banjengo Dr. BERRY, Mr. TAMPLIN, no Mr. JONES, abalahle imigaqo yabo eyaziwayo ngokufuna ukusiza u Sir GORDON, abazuzi mbulelo kubanyuli babo. Ukuba u Sir GORDON usekwa koluya lupambo lwake ludala, njengoko ake watsho u Mr. INNES, lokumana ehlanganisa ngubantsundu, ukuqinisekisa imvumelwano yake ne Bonti, siyamazi tina emasimbulele.

Kuyinina kaloku i Ligi?

ESINYE sezizatu ezabangela ukuba singayivumeli into yokungena komzi Ontsundu kwi Ligi, sesokuba sasi soyikela ukuba yomana ihlab' apa, ifis' apa, xa kufuneka kwenziwe umsebenzi onzima ngenzondelelo. Kodwa sasingazi ukuba amandla ayo obehle avuze msinyane kangaka. Izolo eli ibisand' ukuhlokomisa ukungamtembi kwayo u Sir GORDN SPRIGG ngokusuke anxulumane nabe Bonti; kodwa kwangetuba lokuqala analo lokupakamisa ezozigqibo zayo e Palamente, amalungu e Ligi asuke ampalala u Mr. INNES, umkokeli wawo, aya agalela kwelacala lilelo na lichaswe ngqongqo ngumhlambi anguwo. Kwimigaqo ye Ligi kutiwa abo Mbuso mababe ngabantu abamimoya ingqinelanayo. Akangeke asixelele u Captain BRABANT ukuti umoya okoyo pakati ko Dr. TE WATER no Sir GORDON SPRIGG unjalo; kodwa ke ivoti zabo bazigalelel'ukudibanisa abanye, Njengoko sabe sitshilo ngeveki engapambili, asapikiswa mntu, bubupampam into yokutelekelela ukuti bekuya kungena Umbuso we Bonti okanye nalo Bonti ingazange ibe nanani likulu; into ebiko kukusuke ibe namadoda okuyikonza aswele kunene intliziyo. Ukuba i Ligi ibivote kakuhle, lamasbumi matatu enesitandatu akolwa ngu Sir GORDON, xa adibene nelashumi lilandela u Mr INNES, beliya kwenza ubuqela obumnandi kwindlu emalungu angamashumi osixenxe anesibozo. Ibiyakuba ngamashumi omane anesitandatu kwelinye icala ibe inqunyulwe amanqindi. Asisayi kuze silibale ukuba lento inge nzekanga nje kunge Ligi.

U Sir Alfred Milner.

UKUSUSELA kwipepa letu Io mhla wesitandatu ku May, sifumene ingxelo zokwamkelwa kwe Ruluneli entsha ekufikeni kwayo e Kapa kuloveki. Ziyavumelana zonke kwelokuti akubangako Ruluneli yamkelwe ngokushushu ngapezu kwale. Kufundwe inteto zemibuliso ezivela kwintlobo ngentlobo nendidi ngendidi zabantu, kwati shamngqe kwabantsundu. Akungakuba amawetu engakatali lento kungapumanga nto kuwo, kuloko seleqele ukukwelela abanye kwinto ezinjalo, sitsho ngokungena ntloni ukuti akuko ludidi Iwabantu lumamkela ngomxhelo ngapezu kwawo lo uliliso lo Kumkanikazi. U Sir ALFRED MILNER ubuye watandeka ngokwenza impendulo ezimfutshane, zobulumko, zipuma kwintliziyo ezondeleleyo, ebhekisa kwabo bebenze into zokumbulisa Kulo lonke kutiwa yindoda entloko ihluzekileyo; bonke balangazelela ukunga umsebenzi wake wobu Ruluneli ungaquba kakuhle, waye enqwenelelwa impumelelo kuwo.

Udakaso.

ELINYE lamanene awabe nyulelwe e Palamente ukuba angene kwi Opozishoni—icala elanele ukugxeka iziposo zika Rulumente —laza alabi nabugora bokuxhasa ivoti yokungamtembi u Rulumente, lisitumele inteto evela kwelinye ipepa, lenteto inamazwi angayanelisayo imvo yomntu ongenanto yona azimisele kuyo, kodwa tina kuti akaginyeki. Sixelelwa ukuba aba Kaka ka-Mpetu bayiqondile ubukulu balengxakeko. Babonile —ingubani ongeboniyo—ukuba umqa wokudityaniswa ko Merriman- Schreiner-Sauer yinkohliso embi ngokubekiselele kwimicimbi yomai, kanjalo eyona nto izondwa ngabacasi bo Rulumente kukupumeza icebo lo Merriman no Schreiner, behlohlwa ngu Mr. Hofmeyr, icebo eligabadeleyo layiwela imida ye Koloni. Ngenxa yokuba u Sir Gordon Sprigg nenkoliso yamalungu ombuso engavumanga ukulipumeza elocebo, kufuneka beposwe eweni lamagqwira.

Lento ke iyawa kulahleka kwabantu abangendeliseliyo ukuziqonda izinto. Eyona nto kuyiyo kukuba longqokelela kutetwa ngayo ayina nani, kwabe oko kubonakala ngokungena kurandatyuzwa, ngesizatu sokuti okukona bano Mr. INNES pakati, babe ngamashumi amatatu anesitandatu kupela. U Mr. INNES akayi kuxhasa Mbuso wa Bonti. Wayitsbilo. Into afuna yona kukuba kukululeke u Sir GORDON ebukobokeni be Bonti, atabate isihlalo sake kwindawo anokukupa izimvo zake engoyiki Bonti, oko kukuti, ecaleni lika Mr. INNES, Kona ukuke kutiwe u Sir GORDON unqwenela ukuhluma kolaulo lwama Ngesi, kube kusitshiwo iveki isenye egqitileyo emva kokuba ebevotele ingxoxo ka Mr. DU TOIT, yimfeketo, Siti tina u Mr. INNES nabo bamlandeleyo baliqondile ingese lalomcimbi, lamatyutyusi asuke amguqukela, ala-ndele umkwa ka Sir GORDON wokungqawa amalungelo ake, amenza ukuba afune amanani amakulu nokuba kupina apo angawafumana kona, enze nokuba minqopiso minina nawo. Ukwenjiwanje kokuqutywa kwezinto akwanelisi kanye.

Ololiwe.

INDAWO ezingeniswe ngu Rulumente ngokwenziwa kwendlela ka loliwe opakati kwe Ndwe ne Riverside, nenye esuka 3 Monti iye kungena e Gcuwa, ezondawo zobasingisa emva abo banento abayaziyo ngento ezifunwa lurwebo lwalomandla ungeneno kwe Nciba. Lilinga elidandazileyo, elikuswel' ihLzo, lokupambukisa indlela yorwebo isiwe ndaweni zimbi, lendlela yomendo osuka e Qonce uye e Gcuwa, e Mtata, nase Kokstad, abantu balapa bebefanele ukuma ngawo omane bayicase ngokuqavileyo lenqubo inje ukuba mbi. Inteto eqelekileyo kwezombuso iti into ebanga ukuba indlela ibe noluto elungenisayo ngabantu—asibubo bubanzi bomblaba. Ingade lendlela ingasentla ibe icanda ezifameni, kodwa kulo lonke elo icanda kulo akuko ngeniso, nabantu. Zombini ezindawo zinxulumene nale ipakati kwe Qonce ne Kokstad. Yona le ikweza unxweme isuka e Monti isiya e Gcuwa yindleko nje ebingafuneki nganto, ebingeze ne Palamente iyivumele, ukuba isebenza ngengqondo. Intoni, indlela zide zibe mbini zisiya Peeheya kwe Nciba! Budenge. Lendlela ipakati inganqaba mhlaumbi ekucandweni, kodwa yeyona *ipakati kwazo zombini.* inokupelisa lonkatazo; azi simJ[8] pina umfo onjengo SAUER akokele iqela e Palamente, axelise mhla wi b sebenza leya yelipezulu, awise elicebo lobudenge. Lenqubo ka Rulumente ufan' ukuba ulibele ukuba eyona Ntlangano inkulu yendlela eyakudibanisa i Kapa nalamazwe apesheya kwe Nciba, ikwa li Qonce eli. Xa kunjeke bupina ubulumko ekususeni lentlangano isiwe e Sterkstroom nase Monti? Kulula ukuqonda ukuba lendlela yase Sterkstroom ingati yeyona ilungileyo nje kungokuba abanyuli bo Mpatiswa, abase Griqualand East beyifuna, yabe le ye Monti-Gcuwa isenziwa ngabom yi Nkulu ngokufuna ukudanisa i Qonce. Akuko lizwe lingaba liyalungisa ngokwaka ololiwe ngezizatu ezinje ukungavakali, kanjalo i Qonce malibize intlanganiso kwangoku, likupe abatunywa bokuya e Kapa, badibane namadoda apambili angagungqiyo njengo Mr. INNES ukuba anqande kungenziwa intswela-bulungisa engaka, kudlelw' indlala ledolopu nelifizwe.

Ingxoxo Ngololiwe.

SILUSIZI ukubona ukuba i Palamente ikupe £28,000 ukuba kucandwe ngokuzalisekileyo indlela yololiwe oya e Natal, ikweza pantsi kwe Drakensberg; nenye esuka e Monti, ijujumeze ngonxweme ukusinga e Gcuwa. Ibango le Qonce kubonakala ukuba liputiselwe ngamalungu akohlwe kunene anyulwe lilo. Akabanga nazwi lililo ngapezu kokusuke ati kupela — Abanyuli babete ingeingo bati bafuna lendlela ipakati ko Mtombo ne Kokstad; abe ngokwenjenjalo epoxa iziqu zawo nabanyuli bawo. U Mr. J. C. MOLTENO wenze inteto entle etetelela lendlela kukupela kwenokubizwa ngokutiwa yonceda i Transkei.

Utshintsho lo Laulo.

I" CAPE ARGUS " idwelisa ngamagama abalulekileyo inteto ekoyo e Kapa yelinye ilinga lokuqetula u Sir GORDON. Iti kuya kumiswa u Mr. ROSE-INNES endaweni yake, oyakuba no Mr. JONES, Undyebo; Mr. R. SOLOMON, Umchazi; u Mr. DOUGLASS, Ulimo. Into esingayiqondiyo kukuba u Mr. ROSE-INNESabe no Mr. JONES no Mr. DOUGLASS abangengabo beqela lake.

U Landipasi.

KULEVEKI, ebutsheni bayo, kubeko ingxoxo kwi Ndlu Engapantsi ye Palamente, ngentshumayelo ebika ukuba ela pesheya kwe Nciba linesifo, ate u Mr. J. C. MOLTENO waxela ukuba sezilishumi intsuku u Landipasi engene ngase Elliot (e Kowa), wati u Mr. FAURE lonto isalandwa ubunyaniso bayo.

U Ralishiwe ubalekile.

URALISHWE kutiwa ubalekele e Transvaal. U Sir GORDON e Bandla ukalazele inqubo ka Mr. BOSMAN, ifelkorneti ka Mr. KRUGER ngokuzimela kwake. Lonto iyapandwa.

U MR. W. O. CARTER wage Qonce unga angazisa abahlobo bake abaninzi kwabantsundu ukuba akaeenanto nevenkile apa engakwa Pascoe; kodwa xa bamfanayo, ukuba abamele nantonina, njengokwanga-pambili, banokumfumana kwi etora esisemva komzi ka Mr. Hilner, wentsimbi zamaxesha—A DV.

U MR. A. LOMAX, Umtengisi-mayeza wase Molteno, e Koloni, kwincwadi asund' ukuyibhala uti: " Andizange ndibe nokuzisola kuba nditabate umsebenzi wokuba yi Arente yamayeza ka Chamberlain endite ndafumana incwadi ezininzi ezivela kwabebe wasebenzisa bencoma ukulunga kwawo." U Mr. M. N. Steyn, umfana oluugileyo we Bhulu owazekayo kwesi sithili, uti i " Ndatenga ibhotile yelika Chamberlain Lokohlokohlo ndilifunela intombi yam eyayiselinyanga mbini inokoblokohlo, ekwati ke yakuba ilitabatile yapila ngqe. Nditenge ezinye ibhotile ezimbini ndifunela abanye abantwana abakohlelayo. Ndiyavuya ukuti andizange ngapambili ndisebenzise iyeza elilunge njengeli kukohlokohlo. Kuko nabantu endibaziyo abake balisebenzisa kumntwana owaye nomqala ekwakungabonakali ndlela yokupila, ate noko kunjalo wapumelela." Litengiswa ngu R. Lumsden & Co., Umtegisi-Mayeza, e QONCE

IPALAMENTE.

KWI NDLU YENGWEVU.

UMTETO WOTYWALA.

U HON. MR. HERHOLDT ucele ukuba umteto wotywala ufundwe okwesibini. Ute lomteto seyimibini iminyaka upambi komzi. Kwi Palamente engapambili wapunyezwa kwenye indlu, yasuka Indlu Yengwevu yawubuyisa. Ute namhla nje uyatemba ukuba le Ndlu yosebenza ngengqondo, ingonakalisi kabini umteto opunyezwe ngapandle kwenkatazo yenye Indlu. Uyazi kakuhle ukuba amalungu abekekileyo selegqibile Mhlobo awovota ngalo knlo mcimbi; kodwa ucinga ukuba uninzi lwamalungu abekekileyo luyalahleka ngokuti lomteto ngowokutshabalalisa amafama asebenza utywala. (Kwahlekwa.) Lomteto wenziwe walungelelana nento ezayalezwa ngabatunywa bokukangela umsebenzi, yabe into abati capa kuyo ikukusetyenziswa kakubi kotywala. Woyiswe luluvo lokuba angaba kumhla' enza imfanelo yake elizweni, kuluntu, nakwabo bamtumeleyo e Palamente, ngokuti ukuba ubuye wanyulwa ngonyulo oluzayo, eze kwa nalo mteto, angati kefu ungekade umiswe, kuba yena ucinga ukuba lusindiso lwamafama lomteto.

U HON. MR. WILMOT umtelele. Ute lomteto ubaluleke kakulu, osewuye kabini "kwenye indlu." Indlu Engapantsi inyulwe ngasemva kwe Yengwevu, yaye iyeyona imele abantu abaninzi. Seyiwupumeze kabini yona lomteto, ekungaba kukufeketa ngabantu uke wabuyiswa nangoku. Buninzi kakulu ubungqina obubonakalisa ngokusemhlotsheni ukufuneka kwalomteto. Abatunywa bokuvelela Imfundo nokuhamba kwayo, kwingxelo yabo, babete kwi Palamente mayipelise ukutengiswa kwe ndywala ezinxilisayo.

U HON. MR. BOTHA ute unyanzelekile ukucasa into yokukankanywa kwe ngxelo engekoyo pambi kwabo.

UMONGAMELI ute ilungu elibekekileyo belingena mfanelo yokupendula kwesi situba.

U HON. MR. WILMOT ute ingxelo Lwe tafile. Abanye abatunywa— Vkangela Umsebenzi —bavumelana k Mokuba utywala butintelwe kwabantsundu. Ubungqina obafunyanwa ngabo batunywa babunamandla, buxela if zatu sokuba amafama abe aswele i 'isebenzi nje ezifameni zawo. Kuzo Zviike ezinye indawo ne Koloni kweli lase South Africa, utywala bunemida, akacingi ukuba le yetu i Koloni mayibe yodwa ekubuvuleleni utywala. I Bonti seyenze isigqibo esivumelana nokutintelwa kotywala, ukuba ke amalungu e Bonti anentobeko ebeya kuvotela ukufundwa kwesibini kwalomteto, azame ukuba indawana angazifuniyo zilungi- swe e Komitini. Ute uyatemba ukuba amafama asebenza utywala opulapula, angabalukuhli abantu, kuba lonto ingaqubela ekuvalweni kwe nkanti, kuba lo monakalo upuma kuzo kade. Ukuba umteto ubusiti mabupeliswe kuyo yonke i Koloni, bekungade kukalazwe ngokutiwa lonto ibanzi kakulu, iyangxangxasa, kodwa upakamisa indawo ezitile zobulumko zokunceda wonke ubani. Bulumko na ukusuke isizwe esikulu sama Afrikander singe olisa ingubo yaso ngokungapulapuli, pezu kobungqina obungaka, singavumi ukuba butintelwe utywala, igunya libe sezandleni zabaniki be lasenisi. Uyatemba ukuba oma njengamadoda ama Afrikander angazinikeli ekwenzeni izi nto ngengqondo ehamba ngom'ba. Uyatemba bowuqonda ukuba lomcimbi ngopakati ko Tixo nomntu, baze bati ukuvota bangenzi ngokoyika amafama, kuloko bakete ubulungisa nemfanelo— ilungelo lomhlope, nomnyama, kwa kunye namafama ewayini.

U HON. Mr. NEETHLING uwucasile umteto, ebuza ukuba ama Baslile otiwanina ukutintelwa ebutywaleni. Abantsundu ngabapina? Umtwa ngontsundu, i Bastile alinguye. Amanxila osoloko engamanxila, kuha umteto awuyi kuwacukumisa. Malunga nabasebenzi akuyi kubako mahluko. Kwzinye indawo ezinabavoti be Bunga ledolopu abakumashumi omabini anamnye, abalishumi elinamnye boba nelungelo lokuhluta ilasenisi kumntu owupete kakuhle umzi wake iminyaka ekumashumi omatatu anamine. Angatanda yena kupunyezwe inxenye kupela kulomteto; elicala liteta ngokusilwa komqomboti nezinye ezinjalo.

HON MR. WILMOT: Kauveu"Ntwanazake "— umntu ofuna ilungelo lake kupela kuyo yonke into.

HON. MR. NEETHLING ute akanjalo yena. Uke wawelela pesheya kwe Nciba wakubona ukuhanjiswa komsebenzi kona. Abantsundu abakumakulu amabini bahlanganisana kwindawo ngendawo, baqale ngesifingo lide litshone besela, besuke kulowo umzi baye komnye, lonto ke iwuqala ekuqaleni unyaka ude ubuye upele besenza lonto. Yena akafuni lungelo lake yedwa, kodwa lento mayipeliswe, ngokukodwa eke wayibona nje ingozi ye Qilika. Kuko enye indawo kulo mteto eti umpati wenqanawa unokubatengisela abakuyo engena lasenisi, ke ukuba kuko ikulu labantsundu bobufumana. Utywala obu, nakona ibrandi, iselwa ngabasebenzi—abantsundu ke,—ukuba inqatyiswe kubo yotengwa ngubanina ? Kutiwa utywala mababulungise, kodwa yena kokwake ukwazi buti bakulungiswa bube bukona buselwa kakulu ngabantu. Ilungu elibekekileyo malipume ekuhleni liqabbblse ukuba liti mabulungiswe ukwenziwa utywala. Inkulu Yombuso isand' ukuti ayoyikeli kuba abantsundu bozibulala ngotywala, yoyikela udodana olumhlope. Lomteto uyameukumisana umseli omhlope. Eliqinga lidandalazile. Into ezondwayo kupela kukuba kungenziwa utywala obu. Ucinga ukuba mayinganikwa ilasenisi kumntu engamfaneleyo, kanjalo amanxila makohlwaywe ngapezulu, siye sisandiswa isohlwayo ngokujoka kokunxila kwawo. Kungati kwenjiwenjalo apele amanxila. Umteto mawufundwe okwesibini kwakugqita inyanga ezintandatu ukususela kolo lusuku.

U HON. MR. FAURE uyitelele londawo.

U HON. MR. WIENAND ute nangani iwayini ilitamsanqa e Spain, nakwelama Putukezi, nase France, iliqalekiso e South Africa apa, kuba apa kuko iqela elitile labantu elingekoyo kwezondawo. Ibingumnqweno wabalauli ukuguqula, ngemiteto eyiyo, iwayini le ukuba ibe yintsikelelo kweli lizwe. Siko na isizatu sokuba iwayini yalapa ingalungi njengeyamanye amazwe? Amafama ebefanele ukuyibeka iwayini yawo kwi malike yama Ngesi, angatengisi kupela kwabantsundu. Bonke ububutyu obukoyo kweli bubangwe luselo lwe brandi. U Maqoma wafudunyezwa butywala ukuze alwe nje ngeka Mlanjeni (1851). Yaba yindleko engakananina kona ukoyisa ama Lawu anxilayo ase Katala ? Eka Ngcayecibi yazalwa butywala. Ngubani u Ralishiwe? Linxila ebelh Mala namapakati enkantini lonke ixeeha. Akwenziwa qinga lakutshabalalisa barwebi botywala, kufunwa ukuba urwebo lumiselwe imiteto. Abasebenzi bayagqibela loluselo, kanti pezu koko kukona bangxalwayo ngabo. Ibonti ifuna ulungisiwe waketwa amadlala Umteto we Nkosi ne Zicaka, yonke iminyaka yenza izigqibo ngalonto. Ayazina ukuba akuko cebo liqite elokutintelwa kotywala kwabantsundu ukuze izicaka zilunge ? Yena ulilungu le Bonti, kanjalo uyazidla ngalonto, njengom-Bonti uyawuxasa lomteto. Angaxela izizatu ezininzi zokulahlekelwa kwamafama ngokunxila kwezicaka. Umhlobo wake lowa ukwelinye icala ebemxelela ngombexeshi owati ngokunxila wabhkuqa inqwelo ye orenji. Kungaba lihlazo ukuyekwa komteto ulahlwe okwesibini. Kwelase Free State kubonakala ukuba kuyanceda ukutintelwa kotywala. Lomcimbi uwuyekela ezandleni ze Bandla, kuba esazi ukuba ngabantu abanengqondo. Uyatemba ukuba bovota ngobudoda, baqonde ingozi ekoyo ngobutywala.

U HON. MR. VAN RHYN ufunde incwadi zantatu ezivela e Worcester nase Montagu, ezixela ukuhlakwexabiso le brandi, kuba belizi £28, ngoku zi £15. Lomteto ufana nerafu yesibini ebutywaleni Uyatemba ukuba amafama alima ukudla nalima iwayini kuyafana. Isinala yabafundela ubufundisi yakiwe ngemali yabalimi be veyini; kanjalo amadoda anje ngomhlobo wake obekekileyo (Mr. de Villiers) ngonyana babalimi be veyini, bafundiswe ngenzuzo ye wayini.

U HON. MR. BOTHA ute uyawucasa umteto lo ngomphnga wawo. Upuma kumntu ongumkuseli wabantsundu, awujonge kona ekuncedeni abamhlope, ngowabantsundu. Akasazi isizatu sokuba abantsundu kutiwe mabanganikwa tywala, benikiwe nje ivoti. Ukuba abantsundu balumke ngangokude balibalibone ilungelo labo, bade batumele imitandazo yokucela lomteto, banganako nokusoyisa isilingo sokusela. Ubeya kuti makungatengiselwa mntu tywala kwinkanti ezisecaleni lendlela ngapandle kwabahambi bodwa; kuloko uyazi ukuba londawo akangeyipumelelisi e Komitini. Angawuvotela nawupina umteto otintela izicaka ukuba zingatengiselwa tywala, nezalipina ibala, kuba zininzi ezimhlope ezidakayo butywala. Umnduluili walomteto udume ngokutanda abantsundu. Yena uyawatanda amawabo, unga angasinda etywaleni.

U HON. MR. PEACOCK ute inteto yomhlobo wake lo imkumbuza enye awake wayenza kwintlanganiso ye Bonti, mhla wati uwucasa lomteto ngezizatu ezibini. Esinye sesokuba undululwe ngumkokeli we Opozishoni, esesibini kukuba ufuna ukukusela abantsundu.

HON. MR. BOTHA : Longxelo ayiyiyo.

HON. MR. PEACOCK : Luhlobo endiyifumene ilulo. Umteto nokuba upuma kulipina icala le Bandla, kufuneka ukangelwe inqu yawo. Ukuba ilungu elibekekileyo liwucasela isizatu sokusuke ukusele abantsundu, makutiwe lona linqwenela imbubiso yabantsundu.

HON. MR. BOTHA: Ndite mna ndinga nabamhlope bangasinda.

HON. MR. PEACOCK : Uwucasa umteto lo ngokuba ungababopi abamhlope ?

HON. MR. BOTHA : Ewe.

U HON. MR. PEACOCK ute lomteto mabawuqube njengomnqweno wabantu. Ukuba abamhlope bafuna ukuba butintelwe nakubo, kungaba kulungile ukuba benzelwe umteto onjalo. Abantsundu kudala bem' isimo becela lomteto. Kade kubako imitandazo elusizi, angaqondiyo ukuba kutenina ukuti amanene angamakolwa, angawukangeleli. Ulusizi ukuba Umchazi-Mteto esifa bengena kubuva ubuciko bake, kodwa akalusizi ukuba bengena kubuva ngalemini. Elinye ilungu lite liyaw'ucasa umteto kuba utywala busisonka salo. Elinye ilungu liti awufunwa ngabanyuli balo. Ufumene ingeingo ezivela kwintlanganiso yododana olu Mhlope lwase Kimberley, naku bafundisi bamahlelo onke akona, ezifuna lomteto. U Mr. Neethling ubuza ukuba iyakwenziwa ntonina ibrandi xa ingatiwanga emiqaleni Yabantsundu. Yena wati engenwe yingqele kwatiwa makahlikihle nge brandi. Ukuba ke ibinokupelela ngapandle bekunga lungayo. Akuko nto yimbi ingenziwayona ngale brandi ibulala Abantsundu ? Bananina iveyini bakuyenza ilasentyisi, eyonanto yobanceda abantu ?

U HON. MR. DE VILLIERS ute umangalisiwe yinteto ka Mr. Van Rhyn yokuti umangalisiwe kukuba eza kuvotela lomteto, kanti yena (Mr. De Villiers) ungunyana womlimi veyini, ngokungati lonto ibingambanga ukuba akohlwe kukubona into elungileyo. Ngumangaliso ukuba ilcagu elibekekileyo u (Mr. Botha) liti lingawuvotela lomteto xa uquke aba Mhlope abazicaka, kanti liwucasile ngoku. Mabakumbule ukuba bona bamelwe kukususa isikubekiso kubazalwana ababutataka. Akalwazi olucaso ukuba lolwanina.

U HON. MR. MULDER ucase inteto ka Mr. Wienand yokuti lento yaqala kwango 1851. Iyamcubula lento yokukatalelwa kwabantsundu. Yonke into kwati kwati ukugcinwa kontsundu, kube kungakatalwa nokuba batshabalala abalimi-veyini. Abalimi ngabona bangenisayo kwingxowa yakomkulu, kunabantsundu, pofu abakatalelwe nokuba batshabalala.

U HON. MR. BELLINGAN ubale intlobontlobo zeziselo ezinxilisayo kwe lipakati, nangase Mpumalanga ezine ngozi kontsundu. Lomteto uyawuxasa kuba ufuneka.

HON. VAN DEN HEEVER ute zimbini into zokukangelwa ngabanini balomsebenzi, ekukudala bewenza, nento esetyenzwa butywala kontsundu. Akakazi elona cala aya kuvotela lona. Ewe wayete ulusizi ukuba ewucasile lomteto nyakenye. Yona imitandazo le ingamakulu makungatshiwo ukutiwa inanto ngokwayo, kuba yacaswa ikwangako enge Bula. Ute lomteto mawunyulelwe i Komiti engo Messrs. Wilmot, Herholdt, Stockenstroom, Van Rhyn, Lochner, Neethling, nomndululi.

U HON. MR. ROSS ute ngoku sekufundwe ingcingo ezivela kubanyuli bake, zifundwa lilungu elibekekileyo (Hon. Mr. Peacock), uyoyika ukuwupata lomcimbi. Wayetunyelwe umtandazo uvela e Kimberley, akamazi umntu amakapendule yena. Ngoku ubo nile ukuba makapendule ngokuti akayi kuwuvotela lomteto. Ezingcingo zipendula loncwadi. Akawungene lomteto ungenayo indawo yembuyiselo. Ufuna ukungenisa enye indawo.

U HON. MR. HERHOLDT ufune ukuva ukuba angavunyelwana ukuba ime ingxoxo kude kube lolulandelayo.

UMONGAMELI ute akangebi nakuvunyelwa xa ilungu elibekekileyo lifuna ukungenisa eyalo indawo " ngoku."

HON. MR. ROSS: Ndiyifuna ngoku.

U HON. MR. HERHOLDT ute ebengalindele ngxoxo inde' kangaka. Akateti nto ngenteto yowabo (Mr. Botha). Uyicasile yona indawo ayite thpa yokumenza umntu omele abantsundu.

HON. MR. BOTHA ute akatshongo.

U HON. MR. HERHOLDT ute kunokutshiwo ngalanteto ayenzileyo. Yena uwumele umteto ngelungelo labanyuli bake. Ukuba amalungu e Bonti aya kuquba ngoluhlobo kubonakala lona, mayiyeke ukwenza izigqibo.

UMONGAMELI ubeke indawo ebingenisiwe yokuba umteto unikelwe kwi komiti etile, yaza ayavunywa londawo. Kubekwe eyokuba umteto mawulinde inyanga ezintandatu, wasuka u Mongameli wangakwaba ngavumiyo.

Kwahlulelwene, ema ngoluhlobo:

Abayivumayo londawo yokuba ulahlwe, 12.
Abangavumiyo 10.

Badlulwa abangavumiyo nge 2. Abe. befuna ulahli wengaba: Hon. Messrs Ross, Botha, Neethling, Van den Heever, Van Rhyn, Van Eeden, Faure, Bailey, Mulder, Keyter, Hugo, no Lochner.

Abanganeliswayo koko : Hon. Messrs Bradfield, 5 Peacock, Bellingan, Wil. mot, Dolley, Hassforther, Herholdt, Wienand, Stockenstroom, no De Villiers.

Kwapunywa ngo 6.18 ngokuhlwa.

NGE MANTYI.—Kuko ezinguqnlo pakati kwezinye : C. G. Gie wase Hanover, uyakuba yimantyi e Burghersdorp; W. R. Piera wakona uya e Paarl endaweni ka S. V. Oloete opumlayo.

"Ingqele enkulu endaka ndanayo ndingumntu uje yapeliswa lelika Chamberlain Lokohlokolilo," ubhala atsho u N. H. Norton, wase Sutter Creek, Cal. " Lengqele yandibangela ukohlokohlo, ndikupa izikohlela lonke ixesha. Eliyeza lanaipilisa, ke ndifuna bonke abahlobo bam xa bakatazwa lukohlokohlo, okanye yingqele basebenzise lona, kuba liya kuba nceda." Litengiswa ngu R. Lumsden and Co., Umtengisi mayeza e Qonce,

INCOKO.

Sibulela umhlobo wetu ose Rini ngala manqaku alandelayo. Alata ukuba ifute le Mvo kweso sixeko alilincinane kwabamhlope, nokuba lingaba liyiatwana kwabetu. Pulapula ke.

Umntu owazana ne Rini uyalinakana elobbtwe likulu, lihle levenkile yakwa Bayes (Bon Marche), kwigumbi le High Street ne Bathurst Street. Efestileni kuko imifanekiselo yabantu, ungagqiba uti bahleli. Ngumntu, nomkake upete usana luze kubaptizwa, sisicakazana simi bucala, ababantu bemi pambi ko mfundisi opete IMVO ngesandla.

Eyona nto babekelwe yona ababantu kukubonisa izinxibo zalo venkile, kute kweso situba kwangena IMVO ngendlela engaziwayo kuba bekungaziwa ukuba kanti nayo ikwanomsebenzi ekubaptizeni.

Asimazi umfundisi ukuba ngowalipina icala, kuqinisekile kodwa ukuba akam Tshatshi, kuba usatsho ngomtika ebaptiza.

Indawo emasiyicacise kulengxelo yenge Mvo elubaptizeshweni. Londawo yalata ukuba elipepa alikude entweni zonqulo oluhlambulukileyo Iuka Nkulu- Nkulu emzini wakowalo; lizincedisa ngamandla ake onke, njengokuba besazi abaleseshi balo abadala; baye besazi kanjaqo ukuba liyicasa ngomqolo wonke into efun' ukupazamisa unqulo oluhle. Yiyo lonto ibambe ukuba ngumpahli elubaptizeshweni.

Kakade into enjengale iboniswa e Rini yetsho intumbu zibe buhlungu kuhleka, kwaba njengabafundisi nabanye abayiqondayo imicimbi yalowo mkondo. Yinto yokuyelwa e Rini. Yekani, akusokwenzeka ukuba ike isipose mhla sikufupi neso sixeko kutiwa " Sesabanyulu.

Kuyasivuyisa ukuqonda ucoselelo eleswa ngalo IMVO ngabangabamkeli (kude kube ngokukodwa ngabangengabo abamkeli) bayo. Akuko nqakwana, nelite tshwati kwi " Zinto Ngezinto " aposwayo lilo umntu. Sitsho ngezicelo ezifikileyo ngamanqakwana abete sa kwelepelileyo, abengetyulu noko, kuba ebengekuzo i *Leading Articles,* ukuba alungiswe.

Siyababulela abahlobo betu abatumeleyo ukuba zilungiswe ezindawo. Banga abangedinwe nangomso. Njengokuba ziliqelana, site masibambe itul a lokuzilungisa kulomhlati we " Ncoko."

Kwindawo yokuqala, sicelwa ukuba simise kakuhle inqaku elingomhlobo wetu omdala—u Rev. Sigonyela Kakaza wase Tsomo, ebekutiwe uyafa. Baya kuvuya abahlobo ukuva ukuba ibingumkuhlane nje kodwa womntu ozihambelayo, ebekungeko nomcamango wokuba kubalelwe izihlobo; no Rev. J. Mtobi, obekutiwe uyokumbambela, ufike e Tsomo u Mr. Kakaza evela Ezalatisweni zake. Kunjalo ke, kuhle. Mpilo-nde-ntle sicaka so Sombawo.

Mayelana nenqaku elingo Mr. H. Mcanyangwa, akukaqiniseki ukuba uya e Rafu ; ngendawo yokuba kutiwe ngu Rev. Hubert Mcanyangwa, akakabekelwa nxamnye londawo. U Mr. Mcanyangwa akakabi ngowabadel'ihlazo—abaqubula ojobela, baguqule ikolala bati, kwanti, makutiwe ngo Rev. Ngonga angangena ngesango angatsibi ngayimbi indlela—njengesela lobufundisi nebada. Sikolwa bakwenjenjalo—bazitobe abafuna ukuze bafumane ukupakanyiswa. Unqwenelelo oluhle ku Mr. Mcanyangwa.

Elokugqibela inqaku ekufike isicelo sokuba lilungiswe, lelika Mr. Gqamane, obeze ngesiqu ezokupikisa ukuba baquba into yobuhlanga kwinto abati yi Tiyopiya; ati ke ngoko akayicasile no Rulumeni.

Abantu abaninzi baya kubuza ke ukuba ubuhlanga—esingati ise ngu Mr. Gqamane yedwa obukanyelayo—bapakanyiswa ngubanina njengokuba buyi-yona mbunguzulu nje yalento namhla ? Kakade akukonto abengayimangalayo u Rulumeni xa igushiwe into yokmanya untsundu " ngobuhlanga, " ngendlela erasene nomhlope. Eletu kukuba into etetwayo ayinakuba ingade ifikelele ezindlebeni zake, ifikelele iya kwenza ukuba umzi uranelwe ngokuba usazonda into oyizondayo komhlope.

Into ezinje zonisela uhlanga, zidukisa imisebenzi emihle, azibafanele abantu asebebakulu.

Sibe siba, sisati nangoku, umzi uya kuzitetelela ngengqondo nemisebenzi emihle kumnyadala wabantu be Nkosazana abalapa e Safafika, ungazihlunguli uzenze isilungelelana sobuhlanga obungena ndawo iyodwa buya kuqutyelwa kuyo, sesizizizwe ngezizwe nje kulomhlaba.

Into eya kunceda i Afrika kukuba imibilini yabo bonke ibe mihle. Zipume izigodo ezimnyama, noqongqotwane nezinye izinto ezimbi ezifihlwe eziswini ngabanye ngakwabanye, njengokuba satshoyo isidwangube saseba Tenjini, sisiti amakwele la, nomimona, nentiyano, zipuma kwimibilini emibi enjalo.

Lati elonene kufun' ukuti kubeko abantu abamibilini injalo—mibi, abakuteta kuvakala kamnandi, oya kuzinceda umzi ngokuti ubalumkele. Baye beko abantu abakuteta kungepi kanti imibilini yabo mihle.

Into efunwa yi Afrika konyana bayo ngelixesha yile:—

Imibilini emihle ! Imibilini emihle! Imibilini emihle !—kaninzi.

Baya kuvuya abaleseshi betu ukuva ukuba elipepa labo lineziqamo ezityiwayo eselizenzile eNgqushwa. Pulapula okutetwa ngomnye umbaleli, obala etabatela ekupupumeni kweyake intliziyo: —

" IMVO iyicongile i Ngqushwa. Kuya qondakala ukuba ingunozala. Uti umntu akuyakona afumanekuko izinto abengazilindele kuba yindawo epambili kwi ziqingata zase Cape Colony. I Healdtown ipuma e Ngqushwa, lelona kaya nelizwe elela ubusi nobisi, lilizwe loxolo, umtombo wazo zonke izinto ezilungileyo, ikaya lama Mfengu."

"Wena Mvo oncoma ulwaluko lwase Ngqushwa, uncoma kuba ingusobantwana, akungakubaigqita ezinye indawo, kulendawo ndikuyo amasutu matandatu—pakati kwamaramente, benga bantwana bamakolwa, izindlu bazakelwa ngabazali abangamaramente. Is that not strange ? Most certainly it is."

"Anditsho ukuti akwalukwa e Peddie, siko esesono esitintwa bukali ngama Wesile ase Peddie."

" Ngezindlu, hai Mvo i Peddie iyaqala ukwaka ingxande, zise nganye, kuba i Peddie belise kwi xapetshu lokutenga imihlaba, base namatyala abantu ayo. Vara mbityi Mvo, musa ukuqale uti i Peddie iqwayela emva, utshokupuma abafundisi, abavangeli, ititshala, abacweli, no Mhleli ngokwake ungati umlanda uqonde ukuba isikondo sake sise Peddie. Nelitye eli lokushicilela singalitata silizise apa e Peddie."

" Pambili nozala, pambili zwe le Kanana, noko besiti ulilizwe lesono nje, boda baqonde ukuba ulikwezi lomso, usibane sentlanga, uyintombi iqulunqekile,"

Ukuba upindile ukuyilesesha inteto abala ngayo lombali uya kufumana ukuba amasutu ekutetwa ngawo asendleleni esuka e Qonce ukuya kuti ga kwa Ratazayo e Tyolomnqa. Ukutsho ke asikukuti awako eNgqushwa, kodwa ezifameni e Tyityaba, nase Cwaru, nakwa Tuku, mawabe afihliwe : akabonakalanga emendweni wombali. Nati sinalo itemba nge Ngqushwa.

Abantu Ngabantu.

KUHLE MZI KA HALA.

Zi NKOSI. — Matshawe amahle — siti Taruni! Metsho !! Yintonina le mzika Ngubeugchuka ukuba kuse nibe ndlelambini ukuya e Bhocwe. Niti inteto yenu yoviwa kakuhlena e Bhotwe. Okwanamhla bekunjanina nakuke lendawo niyidibanise kwase makaya, niye nilu qilima—uKuteta kublangene. Lishologu lanina eli libi kangaka, *"ubukumkani obupambeneyo buyakuma na? "*

Isiko lakowetu uti umzi xa ungavumiyo ukuvana, uke umeme nabamgaina. Bekungebi kananjalo yimposiso nokwenjenjalo, kuba lemfazwe niyilwayo iyeza nakuti, njengoko seyingene kwelase ma Mfengwini. U Rulumente ndiyoyika niyakumenza anganiva xa nenjenje ukuteta kwenu.—Owenu wenyaniso,

W. D. SOGA.

Kingwilliamstown, May 24, 1897.

U LANDIPASI E HERSCHEL.

HEKE, KUWE MHLELI,—Ndifuna ukuke ndipose abe mabini ngokubi usidanisa tina babhaleli bako base Herschel. Usidanisile kanye ukuti asinanyaniso tina, ngu Gqira yedwa onenyaniso. Ndibe lusizi ukuba utitsho, kuba bendisiba sinako ukuba amawetu akwezinye indawo siwazise ngenxwaleko esinazo apa tina; ke ukutsho ndiyabuza ukuba usvala imilomo na kanene kwelako ipepa? Ndifuna ukwazi, uz' undipeudule, kuba ndisitsho nje isifo sati qapu nganeno kwe Blekana, zatatwa zonke ezonkomo zawezwa i Blekana, babesaia abaninizo; omnye umfana wada wasiwa e Herschel enkongolweni nge 21 kwefileyo, laza latetwa ityala lake nge 29 kwakwefileyo inyanga. Ukutsho ndiyabuza kuwe ukuba ezonkomo zaziselwa ntonina ukuba isifo siko nakwezinye indawo? Mandikuxelele ngalinye ukuti, ndanditumele ukuba inkomo ezifileyo zise wakeni, kodwa ngoku zise mawakeni amabini ezinga entwanga nezi entiweyo, O, uxolo Mhleli.—Esako isicaka,

J. SLATER.

Bensonvale Spruit, 5 May, 1897.

[Asiyikumbuli into angaba usingisele kuyo umbhaleli wetu xa ati kwatiwa abananyaniso, kuba tina sizamkela kubo indaba.—ED.]

UMFO KA LIVI.

NKOSI YAM MHLELI,—Vuma ndifake lemigcana kwelopepa lemvo zomzi liyole kunene. Ndifuna ukwenza amazwana nakuba ndimfutshane ngo Pakamis' uhlanga lwase ba Tenjini, umfo ka Livi, asele ngu Pakamisa igama lake abuliswa ngalo, awalizuza kuba wati ukufika kwake eba Tenjini kwa Cofimvaba evela ema Mfe ngwini kwa Blayi, xeshikweni atetayo amane ukuti ndize kuppkamisa uhlanga lwase ba Tenjini, basebe siti ke ukumbiza ngu *Pakamisa* abanye, emveni koko bamdela ngendawana ezitile bati ngu Cit' Uhlanga, endingebi sazilanda ke mna, ngani ? Ngenxa yenkutazo yake kubantu ngezinto zenqubela pambili zokanyo. Ba Tembu eligama lalomfo ka Livi namtiya lona nditi mna lamfanela enanamhlanje lisamfanele. Ngani? Nguye owenza ukuba uninzi lupume kwizindlu zakowetu ongqupantsi nomanqugwala kwa nakwingxandana zomhlaba (isoyi), nemingcunubana ebeniyityala pambi kongqupantsi nakumadanyana okusela ityipu ; enganeliswanga zezi ngxandana nezi rondabulana zomhlaba, nale mingcunubana ngaminye emadamini etyipu : wenza ntoni? Imigudu yonke ukuba nake itwini nityale imiti nemifuno nge mfanelo. Qonda lento mntu wakowetu wase ba Tenjini, nditi mna eligama lomfo ka Livi (Mr. C. J. Levy) lamfanela, lisamfanele, ngani, wenza ukuba nake izindlu zamatye aqingqiweyo, nazitena ezitshisi weyo. Emanditi ukuba kuyeka, ude wati mna ukundincamisa akufuduka kwa Cofimvaba akufika ku Lubisi (Southeyville) wenza Utnboniso, endikolwayo ukuba ngabaninzi abebengawazi, namhla ngabaninzi abakwaziyo ukutyala imiti nemifuno ngemfanelo, nokufuna intlobo zenktinzi ezilungileyo kwimfuyo zabo. Ke ibingumnumzana wokubulelwa, nokunqwenelelwa ubom obude nini ba Tembu. Uxolo, tarw' ameva ngesisituba Mhleli.

ALBERT L. NCAPAI.

Johannesburg, 26 March, 1897.

U REV. B. MAMA E KOLONI.

Ngo May 2, 1897, Emagqunukwebeni, nge Cawa yalomhla ndashumayela kwi Ekesodosi xiii: 21 22, e Mnqaba ka James Mama, izele indlu. Kweyamva ndenza isincoko sokuhamba kwe Lizwi lika Tixo kwisahlulo sase Mgwali ka Ngubengcuka, esipetwe ngumfundisi omkulu u Rev. P. Hargreaves, enye yamadoda engqondo ewutantase kakuhle umsebenzi wayo.

Ngo Mvulo ndaya e Xesi ukuya kutona izihlobo nomfundisi wakona, ndambona u Mr. Barrett. Inkosi u W. S. Kama ndambona e Peuleni, Nge Cawa, 9 May, ndashumayela e Peuleni kwakwesi sahluko singentla, Kweyamva ndenza isincoko kwa sokuhamba komsebenzi ka Tixo, izele indlu kuze nendawo zangapandle; ndapehlela nomntwana wonyana ka Mani, u Ngangelizwe, oza mva komkulu obhubhileyo.

Ngo Mvulo, May 10, ndatabata uhambo lokuya e Nqwebebeni, ekutiwa ngokukunyushwa yi Horton, londawo ndesuka kuyo ukuya Emampondweni ngo 189Q. Ndafika sendilindiwe, kuba ndatumela inewadi yokwazisa ukuba ndiza kubabo na ku mfundisi wakona,—u Rev. D. Ntlabati. Yandamkela indoda ka Tixo ngobubele obukulu. Ngolwesi Hlanu, 14 May, saya komkulu kwa Tyefu, samkelwa ngobubele nangamakosikazi, Ngo Mgqibelo sacelwa ngu Mrs. Lentyi Mbilase ukuba siye kusela i ti emzini wake Emxaxa. Sangeniswa endlwini yentombi yake —u Miss Lizzie Mbilase, intle ngoku kufunekayo; neyakokwabo indlu inkulu, intle nayo. Kwabamnandi, savusa indaba ezindala. Andina kukuxela kakuhle ukwamkelwa kwam yiramente yase Kunene, seniya kubona ngezenzo zayo ekupeleni kwezindaba. Yana imvula nge Cawa sada sati abasakutika abantu. Ibetiwe intsimbi batsho abantu yazala indlu. Ndapehlelela, ngokucelwa ngu mfundisi, abantu abakulu abasesitobeni naseshumini. Ndashumayela kwakwisahluko endashumayela kuso Emnqaba nase Peuleni. Kweyamva sanika umtendeleko we Nkosi; inani lababeko esitebeni se Nkosi yayi li 117. Emva koko senza kwa isincoko sokuhamba komsebenzi we Nkosi. Kwabako imvakaliso exe lwe ngu mfundisi walapa ukuba amakosikazi afuna ukuza kubona umfundisi wase ba- Tenjini ngo Mvulo, amnike umpako wendlela. Etikile kusasaanikele umfundisi wawo £2 3s lod, isheleni ezimbini ndazinikwa ngamadoda amabini, yaba kengoku yi £2 5s l0d. Kwenzeke into ebendingayicingi nakancinane, ndakohlwa nakuteta ngesisenzo sale ramente. Lento asinto sikolisa kuyibona ; nase Nxukwebe, apo bendiyibona kona, ibisuke ibe lowo azise into andinika yona nokuba yisheleni, sikisipeni, ne tiki, njalo njalo. Kubonakala ukuba leramente yase Kunene isabatanda abafundisi bayo, akwanelanga kwenziwa oku kupela, kodwa kwatunyelwa nenewadi ku Mrs. B. Mama ekaya. Ndipantse ukulibala, saya ngokuhlwa kwe Cawa ukuya kubona u Mrs. J. Mpahla, omdala, walila isililo esibuhlungu. Ndigqiba ngombulelo ku mfundisi Mr. D. Ntlabati, ukusigcina nobubele bake kunye nebandla lake. Sibanqwenelela itamsanqa.

Namhlanje (May 21, 1897) ndilapa, ndikwa Mr. J. Tengo-Jabavu, ndiyagoduka. Ndibone nesinye isimanga, impahla yam yokunxiba ndite mayifakwe eposini kuba inzima efiasheni, ute u Mr. J. Tengo-Jabavu indleko ze posi ziya kuhlaulwa nguye, ne hashe lam walisa esitalini kwa Mr. Xiniwe, nendleko zalo ziya kuhlaulwa nguye. Kanjako ndiyambulela umkuluwa wam ondiboleke ihashe xa elam belisifa—u James Mama.

EKUNGANINA ukuba unyamezele intlungu xa i Pain Paint ka MOULTON inoku kupilisa? Akuko ntlungu ingena kuyi mashumi amabini. Ipilisa ingqangqambo yamatambo, intlungu enkulu intloko ebublungu, izinyo elibuhlung ukuruneka, ukwenzakala, ukutsha ukukohlela kwane ngqele. Eliyezi likulu lisetyenziswa ngapandle nanga pakati liya kudambisa ukudumba lipilisa ezin tlungwini Litengiswa nge 1/6 nge Bhotile kuzo zonke ivenkie.—AD

Ubutempile e Batenjini.

[REV. ISAAC WAUCHOPE.]

NO. 1.

24 May, 1897.

Ukwenza indaba ke Nkosi yam ndingati njengoko ndaka ndeza upawu e MVENI lokuba ndizakuhambela apa kwela Batembu, ukuza kuseka umcimbi wobu Tempile; ndilapa ke. Lencwadi ndiyibhala e Lupapasi endlwini ka Mr. Solomon Kalipa isibonda.

Ndesuka ekaya, e Bofolo, ngo-Mvulo 3 May, 1897, indim, nomninawe warn, u Mr. Wm. Waucbope, no Mrs. Naniwe Wauchope, no Grisell, no Jubilee, no Jessie, intombi zam (u Isaac usele e Lovedale) no Ellie Mbali udade bo Mr. Yekele Mbali oya kwa Tsolo, no Petros Ndevu, umbexeshi, no Cetywayo Mpama no *Mkatazi,* abakokeli benkabi.

Sawelwa likepu kwa Nontongwana sasinda ngokulinda pantsi kwe ntaba. Dange Manci, ote kum, " Myn heer (Maneli) ungake ulinge umngene e Nontongwana lisibekele."

E HEWU.

Apa akubangako msebenzi unokwenziwa kuba ndikaulelwe kwapezu kwe ntaba ngelizwi eliti kuko imofu e Hackney maze ndiugangeni nenkabi ndiya kuvalelwa. Kwabonakala ukuba mase ndidlula ndisinga e Komani, apo ndiye kufika nge 8 May.

E QUEENSTOWN.

Sifike sele silindile u Rev. Eben. Magaba um Tempile omdala kunye no Nompi intombi ka Duma, umfundisikazi oshushu kwezo Zilo. Ndive ngompunga ukuba busaselwa utywala e Lokishini, Nge 12 May, sibe nentlanganiso, sazuza abantu abalishumi. I Tempile isaquba, ipetelelwe kakulu zinto zo Gazo nezo Koti nezo Makapela, kunye ne Kehle elidala uyise ka Maneli Mvambo,

E MGQUKWEBE (AGNES SCHOOL.) __

Sifikile kwinto ka Kalipa, u Stephen, saqonda nati ukuba singene e Glen Grey. Sihle ku Ngxabatye apo kwaka kwawa inqwelo eyayi nosapo Iuka Rev. E. Magaba, sehla ebusuku, sasinda ngo Mdali yedwa. Ngazwinye samkeleke kakuhle. U Mr. Kobese isibonda sawuhlanganisa umzi weza kusiva nge Cawa, taza ngo Mvulo 17 May, sayivula i Tempile yokuqala yase Glen Grey, eyabizwa ngegama lokuba " Yinkwenkwezi yase Glen Grey," ngabantu aba kumashumi osibozo. Amagosa ayo ngala:—Abongameli (1) Bro. Stephen Kalipa (2) Bro, Solomon Teka, Inkuln Bro. Stephen Kalipa, I Vice Templar Bro, Frans May, Sec. Bro. Shadrach Matoti, Trea, Sister Katyi Pumelo, Chap Bro. Solomon Teka, Mar. Bro. Shepstone Soudlo, Ass. Mar. Sister M. Matilda Kalipa, I. Grd. Bro. Reuben Kobese O. Grd. Bro. September Pumelo, P. C. T. Sister Willel Kalipa. Senze intsuku zone apa, sadlula nge 18 May, saza kumisa ku Mr. Hendrick Kalipa kusasa ngolwes Tatu 19 May.

E MACUBENI,

sifike umzi umi kakubi ngenxa ka Landipasi, ekuvakele ukuba sekucetywa ukuvalwa kwendlela kummandla wase Komani. Enye into sifike u Mr. H. Kalipa emi ngenyawo eza kuya e Kapa, kwabonakala ukuba mase sisenza intlanganiso ngolwesi Ne 20 May. Sayenzake sazuza amashumi omane anambini (42) abantu. I Tempile apa iya kuvulwa ngumfundisi u Rev. S. Mvambo malunga ne 14 June. Asitandanga kufeza singahlangananga nomfundisi ose Lupapasi apo besisiya kona.

E LUPAPASI,

sifikele ku Mr. Solomon Kalipa isibonda, ngo Mgqibelo, 22 May, sahlangana nomfundisi u Rev. S. Mvambo kwa um Tempile omdala. Izolo ke sizuze abantu abamashumi mane anesihlanu (45). Igama lokuqala apa ngu Hana Shude, waza walandelwa ngu Kalipa Shude, abantu abadala baka Wana (Warner) abazali bala ma Kalipa ase Batenjini. Eyalapa i Tempile iyakuvulwa ngomso 25 May. Kusaya kubako enye intlanganiso namhlanje yomzi wonke kunye nomzi obomvu.

Ngolwesi-Tatu siya kuba se Seplan komnye u Tempile omdala u Rev, B, S. Dlepu. Ukusuka apa siya e Cala nase Ncora nase Ngcobo, size sidlulele ku Tsolo.

Sisapila sonke nakuba sekubanda. Inkabi zisaquba noko zimbi indlela. Sinyuka amaqina anzima, kwindlela ezimbi, ezinamatye, sekuko inkabi ezi bujiya. Kodwa siyaquba kakuhle. Isiseko somcimbi wozilo apa kuba Tembu sabekwa ngu Waua (Warner) no " Citumsi " u Barrett lo use Xesi ngoku. Lomadoda abanzela itamsanqa aba Tembu, ngokubakupa kuwo onke amasiko emvelo, anje (1) Ngoselo lwazo zonke indywala. (2) Ulobolo kunye nazo zonke intlobo ze ngeji nezondlo. (3) Amasutu.

Botani ma Tempile, nani malungu e " Sebe le Temba "

E Bofolo.

[NGU P. I. KAWA.]

Intsuku zolwesi Ne no Mgqibelo, 13 ne 15 May, bezibaluleke ngosizi ezilubange kumhlambi omhlope nontsundu apa e Bofolo ngokushiywa kwayo ngu Mr. A. M. Clarke (Untam' bomvu), inkosi yamadindala.

Nge 13 May omhlope umzi ubekiselelwe yimantyi yalapa etsho ngabuhlungu incoma inkutalo nononelelo lomsebenzi ngulomfo ka Kloko. Wavuma umzi wonke kuba ukumbula ukuba namhla ulahlekelwa yindoda ewukonze umzi iminyaka elishumi elinantlanu. Lombulelo ulandelwe sisipaji esinesixa sohlamvu pakati.

Kute emva koko amapolisa namadindala kanti nawo ahlanganise imali yokumbulisa, ukuze ngayo atenge intonga yokuwaka (walking stick), ibe sisikumbuzo.

Nge 15 kuhlanganisene izibonda zase Nxukwebe nezelali eziogqonge i Bofolo, ukuza kukupa owazo umbuliso—gudibayi. Zixele ilahleko yazo—yindoda etanda abantu abantsundu ngoluhlobo, oyakuba yinzuzo e Monti. Inene ebelingaketi bala.

Qondani zikandini zase Izilandani ukuba nizelwa ngumhlobo mpelampela, ongasakuvuma ukuba nilunyukiswe nasemivuzweni yenu zinkosi zenu. Lomfo ebelilungelo apa kuba nomteto uwuleseshile, wada wanesiqiniselo sawo. Ukuqondisa isixa akuso lomfo ngezomteto, ubebuza amangqina nababanjwa nxa kutetwa amatyala. Izenzo zalendoda zingapezu kokuba umbali enokuzicancisa. Ngenene owase Monti uya kungqina. Silusizi ukulahlekelwa yi jentimane, enqabe kangaka betu ama jentimane.

AMANANI EZINTO.

NGEVEKI EPELILEYO.

E QONCE.—Ihotolo 1s 9d ne 2s 84 ngeponti. Amaqanda 1s 54d ne 2s 1d nge dezini, Itapile 5s 9d ne 13s ngekulu, Umbona 6s 9d ne 7s 9d ngekulu, Amazitnba 5s 6d ngekulu Uranise 2s 6d emnye, Ilamuni 2s 1d ne 2s 3d ngeknln, Amatanga 2s l0d ne 3s 6d nge dezini, Inkuni 9e ne 28s nge flara.

E KOMANI—Ibhotolo 1s ne 1s 9d ngeponti, Amaqanda 1s 9d ne 2s idezini, Inkuku 1s ne 1s 6d inye, Ihabile 5s ne 6s ngekulu leponti, Umbona 6s ne 7s ngekulu leponti, Inkuni 30s ne 43s ngeflara, Amatanga 2s ne 3s 3d idezini, Itapile 2s 6d ne 6s 6d ngekulu leponti.

E KIMBERLEY.—Isemile 6/6 ne 7/ ngengxowa, Irasi 12/6 ne 14/6 ngengxowa- Imbotyi 40/ ne 42/, ezinye 30/ ne 33/ nge, ngxowa, Ihabile 9/ ne 10/6 ngekulu leponti, Amazimba 14/ ne 16/ ngengxowa, Umgubo ongasefiweyo24/ ne 28/, osefiweyo 31/ ne 34/, Iflawa 18/ ne 19/ ngengxowa, Umbona obo mvo 14/ ne 16/, oxutyiweyo 12/ ne 14/, om. hlope 12/ ne 14/ ngengxowa, Umgabo wo mbona omhlope 16/ ne 18/,owobomvu 16/ ne 18/ n/ a 203 epouti, Ihabile (ebhuliweyo) 19/ ne 20/ ngengxowa, Amatswele 12s ne 14s ngengxowa, Itapile 10s ne 14s ngengxowa, Icuba 3d ne 4d ngeponti, Ingqolowa 24s ne 26s ngengxowa, Ibhotolo (emsha) la 61 ne 1s 9d, elandelayo la ne 1s 3d ngeponti, Amaqanda 1s 9d ne 2s 3d idezini, Amadada 2s 6d ne 3s lilinye, Inkuku 1s 9d ne 2s inye, Ikwakwini 5s ne 8s 6d inye, Ikalika 5s ne 6s ngengxowa,

Native Opinion & Guardian

THURSDAY, MAY 27, 1897.

THE WEEK.

THE soldiers are expected to arrive in Kingwilliamstown towards the end of next week.

THE death of Mr. Joseph Foster, late Master of the Supreme Court, is announced.

THE Premier has signified his willingness to meet the Glen Grey deputation on Saturday next at 10 a.m.

THE death at Johannesburg of Mr. D. T. Hockly, a former and respected resident of Kingwilliamstown, is deeply regretted by the community here.

THE Pretoria Government is said to be instituting another stringent inquiry into the allegations regarding the attitude of a Transvaal official (Bosman) on the border towards Galishiwe and the other rebels. They are in hiding in the Transvaal. A report on the subject will be made as soon as possible.

A PETITION has been presented in the House of Assembly by Colonel Schermbrucker, from a Native location in the Eastern districts, that the Natives there may be consulted before licences are granted to traders to establish shops or ministers to establish churches in the location.

MR. JAMES W. WEIR, in giving a generous subscription of £100 to the Kingwilliamstown Jubilee celebration, has done a gracious thing in assigning £75 of it to the humane object 01 providing water for transport cattle. The absence of this has been a scandal to this place.

THE Natal Premier (Hon. H. Escombe, Q. C„) accompanied by Mrs. Escombe, has already left for the Jubilee festivities in London during the absence of the Prime Minister, the Hon. T. K. Murray, Colonial Secretary, will take over the duties pertaining to the Minister of Defence; Mr. Moor, Secretary of Native Affairs will be responsible for the Education Department; and Mr. J. W. F. Bird, Crown Solicitor, will act as Attorney-General. The Hon. T. K. Murray, being senior Minister in the absence of the Premier, will be the means of communication between the Governor and the Cabinet.

Liquor Bill Rejection.

THE rejection of Mr. INNES'sLiquor Bill by the Legislative Council has undoubtedly raised the ire of the country. As was remarked in these columns last week, it is a fortunate thing that the event should have taken place on the eve of the dissolution, as the Liquor question is at once transformed into an election cry. This view is ably advocated by the *Methodist Churchman,* a paper which, by the sheer ability of its Editor, has become a recognised organ of opinion beyond the pale of its own denomination. We make no apology in transferring to these columns the able article of our contemporary, showing as it does an effective grasp of the political situation, so rare in the columns of Cape papers now-a- days. But we w'ould warn our contemporary not to be too sanguine as to the success of a political campaign against the liquor fraternity. For instance, the writer may not be aware that Mr. BAILEY was returned to the Council amid the fearful noise which is such a painful concomitant of liquor crowds, as one who would be faithful to the liquor interest. He cannot be blamed for voting as he has done; indeed he would have broken his election pledge if he had voted otherwise. Knowing, as we do, how successfully the liquor people have bullied and cajoled the electorate by loud imprecations, we should not be surprised to see honourable gentlemen like Mr. BRADFIELD and Mr. PEACOCK shrieked out of the Eastern Circle, and Mr. BAILEY romping in with colleagues reeking with liquor. The fact is a most discreditable one to the European electorate ; still there it is. And if the friends of Mr. INNES'S Bill are to merit success in the forthcoming election, they must be about looking for good candidates, who, while sound on the goose in this matter, possess that mysterious magnetism which attracts the average voter.

Vote of Censure.

UNDER this heading, leaded, the *Cape Argus* gives prominence to a political rumour, which must have some basis, else it would not be given out in the form in which it ap-pears. It is as follows :—

VOTE OF CENSURE?

SPRIGG SHALL NOT GO TO ENGLAND.

Yesterday was, if rumour is to be believed for once, devoted to developing the scheme by which the Ministry is to be overthrown and a bar placed before the Prime Minister which shall render it practically impossible for him to go to England.

The assault upon the Ministry is, we are told, to take the form of a vote of censure—not a vote of no-confidence, be it noted—upon the Prime Minister for his statement during the Peace debate that under conditions similar to those which immediately preceded the Drifts ultimatum he would "do the same thing again." The proposal is to censure the avowal, and to embody in the same resolution a commital of Parliament to the doctrine that before the Imperial Government delivers another ultimatum to the Transvaal the Colonial Parliament should be either advised or consulted, it is not quite clear which.

With regard to the Prime Minister's projected visit to England, strong hopes are entertained that before the date of his departure a a new Ministry will be in office—a scratch Ministry, with Mr. Innes as Prime Minister, Mr. Jones as Treasurer, Mr. Solomon as Attorney-General, and Mr. Douglass RS Minister of Agriculture; the Colonial Office not being yet " filled up."

Mr. Merriman and Mr. Sauer are for the time to stand out—possibly until after the General Election, which is bound to follow a fall of the Ministry.

It is stated that there will, anyhow, he the most determined opposition on the part of the Dutch members as a body, and their friends in the Opposition side, to prevent by all and any means the representation of the Colony—misrepresentation they call it —by Sir Gordon Sprigg at the Jubilee.

As those who have always advocated the separation of Sir GORDON SPRIGG from the Bond, in favour of a Ministry of those who agree in the main, we should welcome a change such as is indicated in the foregoing. What we cannot understand is that Mr. ROSE- INNES would have Mr. JONES as his Treasurer' after his tragic disertion of his Leader on the "No Confidence" question; and the mention of Mr. DOUGLASS'S name in this connection is stranger still, seeing he has not in later years recognised Mr. ROSE- INNES as his leader. But one would give anything in these days for a Ministry of one political colour such as is projected. Nor should we be surprised to see the Bond giving it support *for a time,* even though it were a Ministry composed of Englishmen purely, as they have their scores to pay off.

Railway Debate.

WE are sorry to see that the House has voted the £28,000 for a detailed survey of aline to Natal under the Drakensberg, and one from East London along the coast to Butterworth. The Kingwilliamstown claims appear to have been bungled by the incapable members returned by that constituency. They had no better argument than to say their constituents had wired them that they wanted the Kei Road-Kokstad line, thus making themselves and their constituents look foolish. Mr. J. C. MOLTENO alone made a worthy appeal on behalf of the only line that can be said to serve the Transkei.

Council Voting.

LEGISLATIVE Council proceedings, of May 17th, call for notice, the Upper' Chamber having repeated its folly of last year by throwing out the INNES Liquor Bill. The division list is worth putting on record, and keeping for reference. These are the names :—

For the amendment *i.e.,* against the Bill - - - - 12
Against - - - - 10

Majority for the amendment 2

The Contents were : Hon. Messrs. Ross, Botha, Neethling, Van den Heever, Van Rhyn, Van Eeden, Faure, Bailey, Mulder, Keyter, Hugo, and Lochner.

The Non-Contents were: Hon. Messrs. Bradfield, Peacock, Bellingan, Wilmot, Dolley, Hassforther, Herholdt, Wienand, Stockenstrom, and De Villiers.

Rinderpest in Transkei.

A DISCUSSION took place in the Assembly early this week on the Proclamation declaring the Transkei an infected area, during which Mr. J. C. MOLTENO said rinderpest had broken out near Elliot ten days ago, and Mr. FAURE said the alleged outbreak was being investigated.

TO-DAY'STELEGRAMS

[REUTER.]

NATAL PREMIER.

CAPETOWN, Wednesday. —Mr. Escombe, Premier of Natal, arrived this afternoon *en route* to England. He WHS met at the station by the Governor's A.D.C., the private secretary to Sir Gordon Sprigg, Sir James Sivewright, Hon. W. Ross, and Sir John Woodhead (mayor), who (was attended by the Town Clerk.

MR. BARNATO ILL.

Mr. S. B. Joel arrived by the same train, in connection with Mr. Barnato's illness.

GOLD [EXPORT

The Gold export to-day was valued at £120,000.

Cape Parliament.

[BY TELEGRAPH.]

CAPETOWN, Wednesday.—In the House of Assembly to-day, Mr. Sauer tabled a motion to the effect that the House was of opinion that no agreement or understanding similar to the drifts agreement, entered into by Ministers on behalf of the Colony, shall obtain a binding force unless first ratified by Parliament. The motion will be moved on Tuesday next.

The House discussed the reports of the Rinderpest Committee. Mr. Theron, Chairman of the Committee, reviewed at great length the evidence, and said Mr. Thompson, M.L A., gave out contracts to the amount of £36,000 without authority or inviting tenders, and that the Rinderpest Commission appointed later could only acquiesence to what Mr. Thompson had done. He regretted to say, in his opinion, irregularities had taken place in connection with the Commission ; on one occasion members nearly came to blows. He moved that the findings of the Committee in the first report, and recommendations contained in the second report, be adopted by the House.

